


AMAHEBHERE,

ISAHLUKO SESIXHENXE ²

 Sikelelwa! Ndinga, kuqala, sinosana oluncinci apha, uDoc undixelele nje kwimizuzu embalwa egqithileyo, umntakwethu, umntakwethu enyameni, obefune . . . ibiyeyokusikelelwa. Kwaye ngoku ukuba abo mama banazo ezabo iimveku ezincinci abafuna ukuzinikezela kwiNkosi, siyakuvuya ukuba sibenze baze kanye ngoku, bazise ababo abancinci phezulu.

²³⁹ Ngoku, kwaye abantu abaninzi, bona, abakubiza, ukuphehlelelwa. Ibandla lamaWisile liyakwenza, kwaye ndiyakholwa amaNazarene. Andiqinisekanga. Hayi. Ndinga oko koko bahlukanayo kuko, yayilubhaptizo lweemveku, iNazarene kunye noKhululekileyo umWisile. Kodwa, nangona kunjalo, abanye babo, benza enye into kunye nenye. Kodwa, kwaye abanye babo bagalela amanzi amancinci kuzo. Abanye bayazifefa. Kwaye, kodwa sisoloko sizama ukuhlala nje kufutshane kwiBhayibhile njengoko sisazi kanjani. Ngoku, akukho Sibhalo eBhayibhileni sokuba usana malufefwe, kungekho naSibhalo eBhayibhileni sokuba nawuphi umntu makafefwe. Asiyonto ingokweSibhalo. Ngumyalelo webandla iKatolika.

²⁴⁰ Kodwa bona—kodwa bayayenza, bazise . . . Bazizisa iintsana zabo ezincinci kuYesu. Kwaye—kwaye kufanele simele Yena. Sifuna ukwenza into ekwanye Awayenzayo. Wabeka izandla Zakhe phezulu kwazo waze—waze wazisikelela, waze wathi, “Bavumeleni abantwana abancinci beze kuM, kwaye ningabaleli, kuba ubuKumkani beZulu bubobabo banjalo.” Kwaye oko koko siqhubeka sikwenza apha emnqubeni, njengoko sizama ukuqhubeka ngeBhayibhile yenene, indlela engwalisekileyo, okungcono esikwaziyo kanjani.

²⁴¹ Ke ngoku, ukuba la mama, okanye nabaphi oomama banezabo ezincinci iintsana ukuba zinikezelwe, ngelixa uDade uGertie edlala *Baziseni Ngaphakathi*, ngoba, bazise phezulu esiguqweni. UMzalwana nam siyakwehla size sibanikezele abancinci eNkosini. Kulungile.

Mzalwana uNeville . . . [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

²⁴² Enkosi, Dade uGertie. Kuhle kakhulu oko. Bangaphi ababathandayo abantwana abancinci? Ukuba akubathandi, kukho into engalunganga nawe, kukho into engalunganga.

²⁴³ Ngoku, ngobu busuku, ngoku ukuya kuzo zonke iinkonzo. Thina . . . isizathu ndiye ndehla kwakhona ngobu busuku.

Ngokwesiqhelo kwezi ntsuku xana sineenkonzo zempiliso, ndiye ndifumane kuphela malunga nenye ngemini, ngokuba indinika okungako ukudlikidleka. Akusokuze uyazi. Kwaye apha ekhaya iphindwe kabini ukuba mbi njengakwezinye iindawo.

²⁴⁴ Kwaye bendixolisile ngokwenza enjalo impazamo njengoko ndenzile ngayo ngale ntsasa. Kodwa into yokuqala endicaphukisileyo, kuxana uBilly eze kundixelela ukuba ebengenakufumana abantu aboneleyo ukuze anikeze amakhadi okuthandazelwa kubo. Ubenakho nje kuphela ukunikeza malunga ishumi elinesibini okanye ishumi elinesine. Kwaye uye waba ne...Akukho mntu uye wafuna makhadi okuthandazelwa. Ndiyaqikelela yonke into ibe ilungile. Ke ngoko, ngako okuya, andizange ndacinga...Kwaye ngoko xana ndaqalisa ukubiza loo makhadi okuthandazelwa, ndacinga ndiyakufumana lonke ishumi okanye ishumi elinesibini, okanye nantoni ebiphaya phakathi apha. Ndababiza. Ndafika kwinqanaba elithile, into ethile, kwaye ibingayi kubiza. Kwaye ndabiza. Ibingayi kusabela. Kwaye andizange ndacinga ngayo de uNkskz. Wood wanditsalela umnxeba. Wathi, “Mzalwana uBranham, uBilly uyawathatha loo makhadi aze awaxubanise onke, aze nje awanikezele. Angabe unalo elanani isithathu,” (ibengelilo?) “inani isithathu epokothweni yakhe.”

²⁴⁵ Ngokuqinisekileyo, uqhele ukunikeza onke amashumi amahlanu. Xana ewazisa phambi kwabantu, uye awaxubanise nje. Ukuze wonke ubani...Ayithethi ukuthi, “Ndinike inani lokuqala.” Okanye, singangaqalisi ngenani lokuqala. Singaqalisa kumashumi amahlanu, akuyazi, size sibuyele ngasemva. Singaqalisa kwisibhozo size siqhubekele ngaphaya. Singaqalisa kumashumi amabini size siye ngaphaya. Asiyazi. Kodwa uyawaxubanisa nje wona aze awanikezele ebantwini njengoko bewafuna. Kwaye mna, ndingacingi ngale ntsasa, ndingabe ndibize kane okanye kahlanu ngaphezulu, kwaye bebengayi kufanele babephaya, kuba ingenzeka iphezulu kakhulu kumashumi amabini okanye amashumi amathathu ndaweni ithile, niyabona. Kwaye, ngoko, kodwa iNkosi iyilungisile, kodwa ayinalo u—uxinzelelo lwenene kuyo, njengoko isenza kude nekhaya. Ndingangaze ndiyizame—ndiyizame kwakhona.

²⁴⁶ Kodwa, apha kungekudala, ndacela iNkosi ukuba Iyakusinika umhlangano olungileyo, kuba ndathembisa ukuba a—andiyi kuMcela okuya kwakhona, ngokuba ibe iyinto enjalo ukubanzima. Kwaye ichasene neSibhalo. Yabona? Kwaye ukuba wena u...Yilonto eyenza ibenzima kum. Ngokuba, ekwazini oku, indinika u—uloyiso, into yokuqala. Yabona? Ndiyosiwe, into yokuqala.

²⁴⁷ Nakubeni kunjalo, umntu othile utsalele umnxeba umntu othile ngale mvakwemini. UNkskz. Wood utsalelwe omnxeba ngumntu othile. Waze watsho, ukuthi, “Umntu othile ebandleni

ebebizwe ngale ntsasa, malunga nendoda eyabe igula kakhulu, kakhulu, ethe yeza kuKristu ngale mvakwemini, kamva.” Okokuba i—indoda eyabe igula kakhulu iye yeza kuKristu.

²⁴⁸ Kwaye enye into, uNkskz. Wood undixelele ukuba ndiye ndathetha nodade wabo, udade omdala, okokuba ngenene bendisendlwini yakhe ngenye imini ndaza ndatya idinala naye, okanye isopholo kunye naye, ezantsi eKentucky. Kwaye uThixo uSomandla uyayazi ukuba bendingamqondanga la mfazi. Yabona? Injalo lonto. Nje... Imibono izimele geqe. Asingekhe sazi izakuhamba njani okanye kuzakwenzeka ntoni. Ixhomekeke kuThixo, kunye noko—noko kwenzekayo. Kodwa bendisazi, ekulindeni yona, ukulinda phaya.

²⁴⁹ Kwaye ngenye imini xana le ntombi incinci yayilapha, eyayifanele ibe nokucalulwa, ntoleyo mna, hayi... Yabona, ukuba uThixo uyakunikeza okuya kulo lonke ihlabathi, kuyakulunga; kodwa ukuba ibinjalo, yayichasene koko Awandixelela kona ngaphaya kwestrato apha, niyabona, kwiminyaka embalwa eyagqithayo. Kwaye sasifuna ukuqinisekisa ukuba okuya kwakulungile, size sivumele ibandla, ekubeni yayilapha, liyibone. Kwaye ke ndambiza laNkskz. Snyder. UDade Snyder. Ulapha ndaweni ithile. Uyintwanana encinci nje ukuva kanzima. Kwaye inenekazi elincinci layithethela ezantsi, laze lathi, “Unokutyatyamba kwamathambo,” okanye ukuqaqamba kwamalungu, into ethile enjeja.

²⁵⁰ Ntoleyo, bendiyazi ibikukwaphuka kwenyonga. Kwaye ke, kwaye ngoko uMoya oyiNgcwele uzise okuya ngaphakathi ngale ntsasa. Yabona?

²⁵¹ Ngoku, into eyiyo, sisipho esivela kuThixo, kwaye sisebenza ekuzimeleni geqe kwaso. Kodwa into eyenza kubenzima apha esixekweni, ukunyaniseka, ndi—ndiye ndiphixaniseke, lonke ixesha, ekuthandazeleni abagulayo apha. Okanye—okanye... Ndiyakuhamba, ndiyekuxelela abantu oku. Ndiyakuhamba, ndithi, “Ngoku iNkosi ikuphilisile. UYesu wakuphilisa xana Wakufelayo, amakhulu alishumi elinesithoba eminyaka eyagqithayo. Kanye phaya waphiliswa. Ngoku, kangangoko nje uThixo ekhathala, kangangoko nje uKristu ekhathala, wawuphilisiwe, amakhulu alishumi elinesithoba eminyaka eyagqithayo. Isifo sakho saphela. Ithabatha ukholo lwakho ukuyenza lonto.”

²⁵² Kwaye ngoko la mntu angahamba hamba aze angaphili. Ngoko umntu uyeza, athi, “UMzalwana uBranham ebendixelele bendiphilile.” Yabona? Ndikuxelela oko uThixo akutshiloyo.

²⁵³ Ngoku, xana ithethwe ngqo emntwini, ngqo, “Ingu ITSHO INKOSI,” kukho into ethile ezakwenzeka. Oko kuyakuqondakalisa kuwe phaya ukuba impiliso yakho seyifunyenwe. Ukhohlo lwakho luyitywinile. Yabona? Isithembiso

sesakho. Asilolizwi lam. LiLizwi likaThixo, lokokuba sele uphilisiwe. Yabona? Kodwa wena nje...Ngandlela ithile engenye, a—andinakuyenza izike nje, kwabakuthi apha eJeffersonville. A—andinakho nje ukuyenza yenzeke. Ndiyayazi. Ndiyakuzama ukucacisa okuya nje kangangokuba ndingabanakho, kwaye nje a—ayisayi kwenzeka. Injalo. Ndithi. . .

²⁵⁴ Apha, kungekudala, ndaya kwikhaya, kwindoda, kwaye indoda yayisifa. Kwaye banditsalela umnxeba, “Yiza, uyithandazele. Ugqirha uthe ibingayi kuphila de kube kusasa.”

²⁵⁵ Ndaya ndangena. Kwaye indoda esentsha yathi kum, “Mnu. Branham, andifuni kufa.” Kutheni, ngokuqinisekileyo umfo osemntsha wayengafuni. Wayenosapho labantwana ababini phaya.

²⁵⁶ Ke, ndaguqa ndehla. Ndathi, “Ngoku, jonga, ngubani ugqirha wakho?” Yandixelela. Ndathi, “Ngoku, ugqirha angabe ubethe ubu— ubuzakufa, kodwa uThixo akakatsho okwakaloku nje ukuba ubuzakufa.” Ndathi, “Ngoku, ngokweBhayibhile, sele waphiliswayo, ngokuba uYesu wafela impiliso yakho.”

²⁵⁷ Wathi, “Uyakholwa ndiyakuphila?”

²⁵⁸ Ndathi, “Ngokuqinisekileyo ndiyayikholelwa.”

²⁵⁹ Ke, ukuba ndaya kuthandazela indoda, ndaze andasebenzisa olwahlobo lokholo, ndiyikholelwe ngokwam; ukuba ndiyaya, “Owu, hayi, hayi, ukuba ugqirha uthe uzakufa, ubuzakufa. Oko kuyigqibile ngoku.” Ngoku, ibingenakuba ngumntu othile lowo oze kuthandazela abagulayo? Bendingayi kumfuna la mntu endlwini yam, ukuba andithandazele. Ndifuna umntu othile othe, nokuba akayibonanga, okanye hayi, uyakuthabatha ukholo aze ame kwisithemibiso ngenxa yam. Injalo lonto. Ndaza ndathi. . .yona. . .

²⁶⁰ Sahamba saza saba nomthandazo. Ndathi, “Ngoku yomelela.”

²⁶¹ Yathi, “Ingaba uthetha ukuba ndiyakuphila?”

²⁶² Ndathi, “Kutheni, ngokuqinisekileyo. ILizwi likaThixo lithe uyakuphila. Yabona, ‘Ukuba niyakholwa, zonke izinto zinakho ukwenzeka.’”

²⁶³ Yathi, “Kulungile, ndiyakuYikholwa.” Yaza yaphuma yatsho kumfazi wayo ukuba. . .

²⁶⁴ “Indoda iyafa, ayinjalo?”

²⁶⁵ “Ewe, injalo.” Kwaye ke ngemini elandelayo, indoda yafa, okanye kwiintsuku eziliqela emva koko.

²⁶⁶ Emva koko lo mfazi waphuma waza waqalisa ukusela nokuqhubeka. Kwaye omnye wamadikoni, ndiyakholwa yayinguye, weli bandla, waya kumfazi waza wambuza ukuba uyakubuyela kwaye abuyele ebandleni. Wathi, “Andiyi

kukholelwa mntu. Umshumayeli uBranham uzile apha waza wathandazela umyeni wam, wathi wayeyakuphila, waza wafa kwezimbini okanye ezintathu iintsuku kamva. Ke, andisayi kukholelwa.” Ngoku *umfazi* uyafa. Kulungile.

²⁶⁷ Kodwa, nakubeni kunjalo, niyabona, iya ekubonakaliseni ukuba abantu abamameli koko ukutshoyo. Yabona? Ngokuqinisekileyo. Ukuba bendithandazele umntu, ndaza nda—ndabaxelela abantu ukuba bayakuphila. Ndiyakholwa bayakuphila. Kodwa, akukhathaliseki, ukuba ilizwi lam belingu ITSHO INKOSI ngokuqinisekileyo, kwaye ubungayi kuYikholelwa, ubuya kufa, kakade. Ngokuqinisekileyo. *Nanku* u ITSHO INKOSI, kwaye abaninzi babo bayamamkela Yena baze bafe. Abaninzi babo baya esihogweni, xana, u ITSHO INKOSI, “Akudingeki uye.” Ingaba kunjalo? Ngokuqinisekileyo. Yabona? Ikoko . . . Yonke isekelezelwe kukholo lwakho.

²⁶⁸ Mzalwana uCollins, andicingi ungaphakathi ngobu busuku. Kodwa bendiphulaphule kuye ngale ntsasa, unike eyona ikhaliphileyo intetho kokuya. Yabona? Yabona? Uyenzile. Uthe, “Ngoku, ukholo olukwalunye onalo phezulu apha, kuzakufuneka ube nalo phandle phaya. Ngokuba, lukholo lwakho siqu, hayi kwihlelo lakho, kodwa kuKristu. Ufanele ube nolwa kholo.” Oko kulunge nje kanye. Ngokuqinisekileyo.

²⁶⁹ Kwaye impiliso eNgcwele isekelezelwe phezu kokholo lwakho. Kodwa ngokweLizwi likaThixo, ITSHO INKOSI, okokuba wonke umntu waphiliswa xana uYesu wafa eKhalvari, “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, ngemivumba Yakhe thina saphiliswa.” Injalo lonto? Thina saphiliswa. IBhayibhile yathi, “Waphiliswa.” Ke sukundibeka tyala, ndingumshumayeli nje weLizwi. Kufuneka uye kuxelela uThixo ukuba Yena waxela into engalunganga, kwaye uThixo uyakukuxelela apho ubuthakathaka bakho bukhoyo ngoko. Yabona? Ke, lukholo lwakho. UYesu wathi, “Ukuba ningakholwa. Ukuba ningakholwa.”

²⁷⁰ Ngoku, xana nisiva uMoya oyiNgcwele uqiniselela ukholo lwenu kwaye uluqinisa, aze athi, “ITSHO INKOSI, ‘Ngomso ngeli xesha *lithile*, uyakuba nento *ethile*. Into *ethile* iyakwenzeka. Iyakuba ngapha indlela *ethile*, kwaye uyakuhlangana nento *ethile* apha. Lowo iyakuba ngumqondiso kuwe.’” Ngoku, uqaphele okuya. Lowo ngumsebenzi ogqityiweyo, kanye apha ngoku.

²⁷¹ Kodwa xana ifika ekutheni impiliso eNgcwele, kufuneka ndibeka impiliso eNgcwele kwisiseko esinye, solwahlobo, njengosindiso. Ngamnye wenu, akukhathaliseki wenze ntoni, ube usindisiwe kusukela uYesu wafayo, kuba Wafela ukuthathaba asuse izono zehlabathi. Kodwa ayisokuze ikwenzele into elungileyo de wena uyamkele kwaye uyive ngamava. Kodwa malunga nezono zakho, zazisele zixolelwe.

Injalo lonto. Yena... “Nantso iMvana kaThixo ethatha isuse izono zehlabathi.” Yabona? Nantso ke. Ngoku khumbulani oko.

²⁷² Ngoku, ndiyayazi ukuba ekufundiseni, kwiZibhalo, silibandla elixubileyo. Kwaye amaxesha amaninzi, kuleNcwadi yamaHebhere, ekubeni iyiNcwadi enzulu... Kuzakufuneka ndikhe ndiyishiye ithutyana ngoku. Ndizakuzama ngobu busuku ukugqibezela indawo yokugqibela yesasahluko sesi-7.

²⁷³ Kwaye ngoku kukho imibuzo emininzi engqondweni yenu, akukho ntandabuzo. Abaninzi benu banemibuzo, kwaye ndinganayo, nam. Ngoku, ixesha elilandelayo, iNkosi ithandile, xana ndisiza... .

²⁷⁴ Ndiya eMichigan ngoku. Kuze emva koko, ukusuka eMichigan, ndiya eColorado. Kuze ukusuka eColorado, ndiye eWest Coast. Ngoku—ngoku, xana singena, iNkosi ithandile... Ngoku, andiyazi. Ukuba andibi seChicago, ngeCawa, ndingabuyela emva apha ukwenzela ubusuku obuzayo beCawa.

²⁷⁵ Ngoku sivalele umalusi ngaphandle epulpitini apha malunga neeveki ezintandathu, konke ngazo ezi—ezi—ezi, le Ncwadi apha. Yabona? Ngoku... Andikuthanda ukukwenza okuya. UMzalwana uNeville ungothandekayo, olungileyo, onobubele umzalwana. Kwaye ndiqinisekile ukuba eli bandla liyamthanda uMzalwana uNeville.

²⁷⁶ Kakade, ngelixa ndithethayo; umntu othile, khona apha kwesi sizwe ndaweni ithile, unetyala lokubhala amakhadi athile, okususa uMzalwana uNeville asuke kule pulpiti. Kuzakufuneka ukulungise oku kunye nam. Uh-huh. Injalo lonto. Uh-huh. Ewe, injalo. Ngoku, ndifuna nina... Uthe idiko... into ethile malunga nebhodi yamadikoni. Ibhodi yamadikoni ayinayo nento enye yokwenza kunye nala malusi. Hayi, mhlekazi. Ibandla, ngokuzeleyo, linalo lonke igunya. Asiyiyo... Ibhodi yamadikoni ilipolisa nje apha kweli bandla, nje ukugcina ucwangco nanjalo njalo. Kodwa xana kusiziwa emithethweni, ibandla lonke kufanele libe nokutsho. Eli bandla lakhelwe phezu kokuzimela geqe kwebandla lasekuhlaleni. Ngoko ke, andinanto yakutsho ekususeni lo malusi, okanye ekufakeni omnye. Sisesam isakhiwo; sinikezelwe ebandleni. Nonke nilibandla. Nina bantu ningabo balawulayo. Nibandla, ngokwenu. Kwaye iBandla, iBandla elingcwele likaThixo liligunya, likaMoya oyiNgcwele kwelaBandla. Kwaye into ekuphela kwayo endiyenzayo kukuba sesam isakhiwo, sinikela kweli bandla, njengokunikezelwa kwibandla, kwaye sona asirhafiswa. Kwaye ibandla lanyula abelusi balo. Andinanto yakwenza nalo. Kwaye kuphela kwendlela lo malusi angamka ngayo, kungokuba umalusi athathe isigqibo ngokwakhe sokumka, okanye isininzi seevoti sebandla singaba nokuthi, “Tshintsha umalusi.” Leyo kuphela

kwendlela. Akukho bhodi yamadikoni inokuyenza. Ibhodi yamadikoni igcina kuphela ucwangco nezinto ebandleni.

²⁷⁷ Amathenjwa, akananto yakwenza nayo, kuphela kukulungisa ibandla. Kwaye akanakuyenza kude kube... Yonke ibhodi yamathenjwa iyahlangana ize ithi, “Siyakwakha *oku*, okanye siyakwenza *okuya*.” Emva koko kufuneka babuze unongxowa ukuba banayo na imali yokuyenza. Ewe, mhlekazi.

²⁷⁸ Kodwa ukuba kukho nasiphi isikhalazo ngakulo naliphi ilungu, ukuba ilungu linesikhalazo ngakomnye, okanye into ethile ayilunganga, ufanele uye kulamzalwana, ngokwakho; uze uthethe naye, wena naye ninedwa. Ngoko ukuba abayi kuyamkela, ngoko into elandelayo eyenzakayo, uthabatha elinye lamadikoni okanye umntu othile, aze aye nawe kula mzalwana. Ngoko ukuba akayi kunamkela, emva koko niza nizokuxelela ibandla. Emva koko ukuba ibandla... Ngoko ukuba akayi kulamkela ibandla, ngoko iBhayibhile ithi, “Makabe njengomhedeni nombuthi rhafu.” Injalo lonto.

²⁷⁹ Kwaye nabaphi abantu abamazayo umntu onetyala, nize ningayi kubo nithethe, ngoko uyinxalenye yebandla likaThixo elizakuphendula ngesa sono. Injalo lonto.

²⁸⁰ Kwaye ukuba nabaphi abantu ngoko banaso i—*isikhalazo ngakwidikoni*, okanye ngakwidikoni okanye umntu othile ebandleni, ithabatha abantu abathathu. Abantu abathathu bayakuza baze bathi, ngqina, umlomo wamabini okanye amathathu amangqina. Yiza uxelele umalusi ukuba kukho isikhalazo ngakwidikoni. Emva koko ukuba kukho isikhalazo ngakwidikoni, idikoni asiyiyo i—*indoda elilungisa*, e—*egqibeleleyo indoda*. Kufuneka abambe isikhundla sobudikoni, emsulwa, kuze ngoko afumaneke emsulwa. Kwaye ukuba ela bandla lifumanisa ukuba ela dikoni alibambanga esa sikhundla, lifumana abathathu kunye nalo lize liyise kumalusi. Ela dikoni liyacelwa ukuba lihlale ekhaya ubusuku. Aze ngoko umalusi ukusuka... eze aze ahlanganise ibandla kunye, anikeze isikhalazo. Kwaye ukuba ibandla livotela idikoni ukuba liqhubeke, idikoni liyaqhubekeka. Ukuba liyaqhu... livotela ukuba idikoni linqunyanyiswe, lanyula idikoni elitsha kwa ngoba busuku. Yabona?

²⁸¹ Ngoko ke, akukho mntu mnye onento yakwenza koku. Sisinzi sabantu. Ewe, mhlekazi. Ukuba amashumi amabini avotela yena, aze amashumi amabini ananye avote ngokuchasene naye, uyahamba; okanye, ngenye indlela. Yabona? Oko kukuthi, ligunya lokuzimela geqe kwebandla lasekuhlaleni kwaye, ngoko, ngalinye lamalungu linto yokutsho ebandleni. Nantoni eyenzekayo, ngokungalunganga, ngoko banakho ukuza kanye, kwaye into ekuphela kwayo abafanele bayenze kukuba phambi koThixo ukuba ngokuqinisekileyo babone ukuba akukho nto ethintela ukuqhubeka kwebandla.

282 Kodwa elizeleyo nelipheleleyo igunya lebandla ngumalusi. Funda oko eBhayibhileni, bona ukuba oko asilolungelelwano lweBhayibhile. Injalo ngqo lonto. Akukho bani ungaphezulu kwendoda enkulu. Andinanto yakwenza noko uMzalwana uNeville akwenzayo apha. Oko kuxhomekeke kuni kunye noMzalwana uNeville. Ukuba uMzalwana uNeville ufuna ukushumayela imfundiso yoBungqina bukaYehova, oko kuxhomekeke kuye nakuni. Yabona? Ukuba ufuna ukushumayela nantoni ayifunayo, oko kuphakathi kwenu naye. Yilonto. Ukuba ibandla limvotela phaya, ukuba ashumayele okuya, oko kulungile. Oko kuxhomekeke kuye.

283 Into ekuphela kwayo endiyenzayo, kukuba sesam nje isakhiwo. Kwaye ukuba into engenye iyeza, leyo efana nokususa umalusi, kwaye bafuna ukuthabatha ivoti kokuya, aninakubuza idikoni ukwenza lonto. Niyakuza nibuze mna. Ndiyakwehla ndize, ndithi, “Ukuba nifuna ukususa umalusi, ndixeleleni kutheni. Ingaba wenze into ethile?”

284 “Ewe. Simbambile, enxilile.” Okanye, “Simbambe esenza *oku*, okanye esenza into ethile ibingalunganga.”

285 “Ingaba ninamangqina amathathu ngayo?”

286 “Ewe. Sinawo.”

287 Wona amangqina kumelwe avavanywe kuqala. “Sanukwamkela isityholo ngakumdala ngaphandle ingamabini okanye amathathu amangqina, kwaye makavavanywe; ngokubhekiselele kumdala.” Ngoko kufanele ufunge kuyo, okokuba uyibonile; uze uyiqondakalise, okokuba uyibonile.

288 Kuze emva koko, ukuba niyenzile, ngoko esa sono siyakhalityelwa ekuhleni, okokuba, “Asilunganga.” Emva koko, “Bandla, nifuna ukumtshintsha umalusi wenu?”

289 Kwaye ukuba ibandla liyavota, “Mxolele, nimyeke aqhubeke okwakalokunje,” leyo yindlela efanele ime ngayo. Yabona? Oko, asikokungenamkhethe na oko? Asiyiyo leyo indlela yokuqhuba ibandla? Oko koko iBhayibhile ekutshiloyo. Asinazibhishopu nabalawuli, nazibhodi nanjalo njalo, faka *lona* angene naba negunya elininzi. Akukho mntu unegunya apha kuphela uMoya oyiNgcwele. Injalo lonto. Nguye osusayo. Kwaye simthabatha Yena njengesininzi sabantu, indlela abantu abaya ngayo.

290 Kuze emva koko ukuba icala elinye lifuna ukwenza *oku*, lize elinye icala lifune ukwenza *okuya*, lize icala liphumelele, icala elingaphumelelanga, yintoni eliyenzayo malunga nayo? Lizibandakanya kunye nabo bonke lithi, “Besingalungisanga, ngoko. Siyakuqhubekeka, kuba uMoya oyiNgcwele wenze olwa khetho.” Yabona? Oko kunjalo ngqo.

291 NjengeDemocrats neeRepublicans, oko nje sime njengentando yesininzi, njengamaMerika. Ukuba iiDemocrats zingonile, iiRepublicans kufanele zityhale kunye nazo;

iiRepublican phakathi, iiDemocrats ziyatyhala. Yabona? Oko nje koko kusenza isizwe. Nanini sisaphula okuya, saphula intando yesininzi yethu. Injalo lonto. IiDemocrats zithi, “Andizukwenza nanto; iiRepublicans ziphumelele.” Ngoko siyawa. NdingumKentucky: ngokuhlanganeyo siyema, kwaye xa sahlukene siyawa.

²⁹² Ngoku, ukuba kukho nantoni engalunganga ebandleni othe wayazi, isiqu esithile okanye umntu othile okanye nantoni, ubophelelekile kwaye uyakuphendula phambi koThixo ukuba akuyilungisanga lanto; wena, ibandla. Ngoku, khumbulani, ayikho semagxeni am. Ikwawenu. Kwaye nantoni engalunganga ebandleni, uThixo uyakunenza niphendule ngayo. Injalo lonto. Leyo yindlela Aqhuba ngalo ibandla Lakhe. Leyo yindlela eyiyo eBhayibhileni. Olo lulungelelwano eBhayibhileni. Elo ligunya lokuzimela geqe kwebandla lasekuhlaleni. Umalusi yintloko. Injalo lonto. Amen.

²⁹³ Ngoku, ekuzeni kulona usikelelekileyo, uMyalezo omdala apha. Nina, ngoku ndifuna nikwazi okuya. Oku kushicilelwe eteyiphini, khumbulani, lo Myalezo. Kwaye ushicilelo lweeteyiphu zebandla, ulungelelwano nemithetho yebandla, ikushicilelo lweteyiphu. Oko kungokweBhayibhile. Asililawuli; akukho mntu ophambili. Hayi. Sonke, sonke siyinto enye. Kodwa, sinomkhokeli, lowo ngumalusi, okoko nje ekhokelwa nguMoya oyiNgcwele. Inyaniso. Konke kulungile.

²⁹⁴ Ngoku, ngaphakathi apha, kuzakubakho imibuzo eliqela. Ke kwixesha elizayo abathe banikeza, kwaye uMzalwana uNeville wafaka kunomathotholo ukuba ndizakubalapha, bhala umbuzo wakho, ukuze wena nam singaxambululana. Niyakuyenza? Kulungile.

²⁹⁵ Ndiyayazi ndifundise kunyamezelo lwabangcwele. Ndifundise kobona bongameleyo uButhixo bukaYesu. Ndifundisile kukhuseleko lwekholwa, kunye nobekelo lwangaphambili, nomiselo lweza elingaphambili, kunye nezininzi zezo zinto. Ntoleyo, ndiyayazi, ebandleni lam ngabaninzi abangqongqo ngomthetho, ntoleyo yonke ilunge ngokugqibeleleyo. Ngokuqinisekileyo. Kodwa, ngoku, izinto, ndingongqongqo ngomthetho, nam, kwaye ndingumKhalvini. Ndikholelwa nje iBhayibhile. Yilonto kuphela.

²⁹⁶ Ngoku, ukuba eminye yalo, mibuzo. Kwaye ndifundisile kubungqina, imizwa, nanjalo njalo, kwaye zonke ezo zinto ningabe aningqinelananga nazo. Ke ngobunye bobu busuku, mhlawumbi, masiyenze. . .

Ingaba ningxame kakhulu ukuba nibuyele phezulu apha? [UMzalwana uNeville uthi, “Hayi.”—Mhl.]

Masiyenze uLwesithathu ebusuku, ngobu busuku boLwesithathu ozayo, ngoko ndi—ndicinga ndi—ndinganako okuya ngoko. Zisani umbuzo wenu ngoLwesithathu ebusuku,

yibekeni apha eqongeni, kwaye umbuzo malunga neBhayibhile, kulungile, koko ndibe ndifundisa kuko ngoku. Kunye nobusuku bangoLwesithathu. Kuze emva koko ngeCawa elandelayo, ngoko, ndicinga ndi—ndifanele ndibe seChicago, kakade. Kwaye ndihamba ukusuka phaya ukuya eMichigan. INkosi ithandile, ndiyakubalapha ngoLwesithathu ebusuku, ukuzama ukuphendula umbuzo ngokungcono endinokuba nako. Kwaye ngoku iNkosi ibe nenceba.

Ngoku masiqubudeni intloko zethu, nje umzuzu.

²⁹⁷ Ngoku, Nkosi esikelekileyo, lena yingqwebo Yakho enkulu. Libandla Lakho. NguWe, Nkosi oshukumayo, kwaye sifuna ukushukuma njengoko uMoya kaThixo usishukumisa. Kwaye siyathandaza ngoku ukuba Uyakusisikelela. Kwaye njengoko siziqhelanisa nalo Myalezo, size sehlele kwezi zinto zinzulu, siyathandaza ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuzityhila kuthi njengokuba sinesidingo. Kuba sikucela oko eGameni Lakhe. Amen.

²⁹⁸ Ngoku, owu, ndi . . . Le Ncwadi yamaHebhere, ndiyixabise njengenye yezinkulu iiNcwadi.

²⁹⁹ Kamvana, ingaba—ndine . . . ukuya phesheya kweelwandle, ntoleyo yokuba, ukuba uThixo uyayivumela, Ndiyakuyenza kwamsinyane. Ndifanele ndiye e-Afrika ngokombono. Ndinga andisayi kuphumelela kangako kwimihlangano yam ndide ndiye e-Afrika kwaye ndizalisekise la mbono. Ngoku, ngoko, oko kungaba ngexesha elithile elizayo kulentwasahlobo izayo.

³⁰⁰ Kodwa phakathi kwela xesha, ndithanda ukuthabatha engenye incwadi kwiNcwadi yamaHebhere, leyo isi, isahluko se-11 samaHebhere, ndize ndihlale malunga neveki kwesiya sahluko se-11, kwaye ndithabathe nganye yeziya mpawu-zemvelo okanye izimilo, ndize ndikhuphe iimpawu-zemvelo zabo. Yabona? “Ngokholo, uNowa,” emva koko ndithabathe ubomi bukaNowa. “Ngokholo, u-Abraham,” emva koko ndithabathe ubomi buka Abraham. “Ngokholo, u-Abheli,” emva koko ndithabathe ubomi buka Abheli. Yabona? Ndize ndizise oko ezantsi. Ningakuthanda oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Owu, okuya kuyakubanjalo, sithabatha iBhayibhile yonke ngoko. Kwaye emva koko siyakuzama okuya, mhlawumbi nge, sithi, iveki okanye ishumi leentsuku zemihlangano, nje umhlangano omnye kanye emva komnye, kokufana nemvuselelo, ngaxesha lithile ukugqitha ngeeholide zeKrismesi, okanye into ethile efana naleyo, iNkosi ithandile.

³⁰¹ Ngoku, kwisahluko se-7 seNcwadi yamaHebhere, sihlangane nesi Similo sikhulu. Ngubani ongandixelelayo yayingubani iGama Lakhe? [IBandla lithi, “Melkitsedeki.”—Mhl.] UMelkitsedeki. Ngoku, yayiNgubani loMelkitsedeki? Waye engumbingeleli woThixo Osenyangweni. WayenguKumkani weSalem, ntoleyo yayinguKumkani weYerusalem. Wayengenaye

namnye uyise, okanye Wayengenaye namnye unina. Wayengenaxesha Awakhe wazalwa ngalo, okanye Akasayi kuba naxesha Ayakuthi afe ngalo. Ngoku, siyafumanisa ukuba oko kufanele ibe nguNaphakade.

³⁰² Siyafumanisa ukuba igama *ixesha elide* lithetha “isithuba sexesha.” Ingaba nisakukhumbula okuya? Isithuba sexesha, lixesha elide nexesha elide. Kwaye *ixesha elide* liyangqinelwa, amatyeli amaninzi, eBhayibhileni nje “nge—ngesithuba sexesha.”

³⁰³ Kodwa, uNaphakade, kwaye linye kuphela uhlobo loBomi obunguNaphakade, esilufumanayo. Ingaba kunjalo? UThixo unobaBomi bunguNaphakade, yedwa. Ingaba injalo? Lunye kuphela uhlobo loBomi obunguNaphakade. Akukho gama linje nge “sohlwayo esinguNaphakade.” Kuba, ukuba kufanele wohlwaywe ngoNaphakade, kufanele ube noBomi obunguNaphakade ukuze wohlwaywe Naphakade. Kufanele ube noNapha-...Kwaye ukuba unoBomi obunguNaphakade, akunakohlwaywa, yabona, ukuba unoNaphakade. “Lowo uwevayo aMazwi aM, kwaye akholelwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade.” Ingaba injalo? UBomi obunguNaphakade, ngokuba ukholwa. Kulungile, ukuba unoBomi obunguNaphakade, akunakugwetywa, ngokuba unoBomi obunguNaphakade. Ke, ngoko, kuba uzakuba ubunzima esihogweni ixesha elide, kufanele ube noBomi obunguNaphakade.

³⁰⁴ Kodwa, ngoku, ndiyakholelwa ukuba iBhayibhile ifundisa ngesihogo senene esivuthayo. IBhayibhile ifundisa oko, ukuba izono nokungendawo kuyakohlwaywa, ixesha elide. Oko asinguNaphakade, ngoku. Oko mhlawumbi kokweshumi lezigidi zezigidi zeminyaka. Ingaba ngamakhulu ezigidi zezigidi zeminyaka, kodwa ngexesha elithile ifanele ibe nesiphelo. Kuba, yonke into enesiqalo, inesiphelo. Zezo zinto ezingenasiqalo, ayinasiphelo.

³⁰⁵ Niyakhumbula esa sifundo ngoku? Indlela esibuyele ngayo emva saza safumanisa ukuba yonke into enesiqalo yayiqwethekile, yabona, ugwetheko lweyona nto. Kwaye, ekugqibeleni, ibuyela emva kuNaphakade. Kuze emva koko sonke isihogo, konke ukuva ubunzima, kunye nayo yonke inkumbulo yokuya, iyakunyamalala ngoNaphakade. Yonke into eqalayo, iyaphela.

³⁰⁶ Kwaye lo Melkitsedeke yayingengoYesu, kuba wayeNguThixo. Kwaye yintoni eyenza uYesu noThixo bahluke, kokuba, uYesu wayenguMnquba awathi uThixo wahlala kuwo. Yabona? Ngoku, uMelkitsedeke. UYesu wayenoyise kwakunye nonina. Kwaye le Ndoda ayizange yaba nayise okanye nina. UYesu wayenesiqalo sobomi kwaye Wayenesiphelo sobomi. Le Ndoda yayingenayise, ingenanina, ingenasiqalo samihla okanye

siphelo sabomi. Kodwa, YayinguMntu okwamnye. Yayikho, uMelkitsedeke noYesu wayeMnye; kodwa uYesu yayingumzimba wasemhlabeni, ozelweyo kwaye wafaniswa nesono. Umzimba Wakhe uThixo, unyana Wakhe Yena, ozelweyo kwaye wafaniswa nesono, ukuze asuse ulwamvila lokufa, ukuhlawula intlawulelo, kwaye amkelele oonyana neentombi kuYe. Niyayifumana? Eso sisizathu sokuba Abe—Abe nesiqalo, Abe nesiphelo.

³⁰⁷ Kodwa lomzimba ugqibeleleyo, ekukhumbuleni, nje—njengesinyaniso sovuko lwethu, uThixo akayi kuwuvumela lamzimba ungcwele ukuba ubone ukubola, ngokuba wawudala Yena Ngokwakhe. Waza wawuzisa, waza wawuvusa, waza wawubeka ngasekunene Kwakhe.

³⁰⁸ Kwaye, namhlanje, uMoya oyiNgcwele owavusa la mzimba ulapha eBandleni. Malibongwe iGama leNkosi! Kunye nokubonisa imimangaliso ekwaminye namandla. Kwaye ngenye imini lo Moya oyiNgcwele, oseBandleni, uyakukhwaza kwaye uyakufunqula, kwaye uzamkelele kwesi simo somzimba ohleli ngasekunene kobuNgangamsha bukaThixo, ukwenzala izingxengxezo thina boni. Kwaye ngako Okuya sithintelwe ngokugqibeleleyo esonweni. Hayi ukuba asoni; kodwa sithintelwe esonweni, eBukhoni bukaThixo. Kuba, kukho idini eLophayo limi phakathi kwam noThixo, phakathi kwakho noThixo. Eso sisizathu Awathi, “Umntu ozelwe nguThixo, akasenzi isono, akanakona.” Kuba, ukuba uzelwe ngokutsha, kwa uMoya oyiNgcwele owaphila kulaMzimba uphila kuwe. Kwaye Awunakona; idini lileli phambi Kwakhe. Ngoko ukuba uyenza ngabom, ibonakalisa ukuba akukwazeki kuwe ukuba ube kulaMzimba. Amen. Elo liVangeli. Naliya Lona.

³⁰⁹ Ngoko ke, niyabona, Ayigquzulani nazinye iZibhalo. Ihlanganisa iZibhalo kunye. Yabona? “Ayinakwenzeka kwabo bathi bakhanyiselwa.” Phaya kulapho siyakufumana imibuzo yam. Kuba, nje ukufumana yona, leyo yindlela esiyifunayo.

³¹⁰ Ngoku qaphelani. “Akukwazeki ukuba abo bakhe bakhanyiselwa, bakreqe ukuba bazihlaziyele kwakhona kwinguquko, ukubona ukuba bambethelela uNyana kaThixo ngokutsha, nokumenza Yena. . . nokumhlazisa Yena ekuhleni.” Babengenakho ukuyenza.

³¹¹ Emva koko uyaqhubeka uye ngaphaya kumaHebhere 10, apho Itshoyo phaya, “Ukuba sithi sone ngabom emveni kokuba sakwamkela ukuyazi iNyaniso.” Kwaye yintoni isono? Ukungakholwa.

³¹² Ukuba ubona uMoya oyiNgcwele ngabom esenza ezi zinto athe Wazenza kanye apha ngale ntsasa, uze ubone ukuba uKristu uvukile ekufeni, kwaye Uyaphila eBandleni Lakhe naphakathi kwabantu Bakhe, uze Uyale ngabom, akukwazeki ukuba ungaze uze kuThixo, kuba wanyelise uMoya oyiNgcwele.

313 UYesu watsho izinto ezikwazinye, xana Wayesenza imimangaliso.

314 Bathi, “Kutheni, UnguBhelezabhule. Ungumvumisi. Ungumtyholi.”

315 UYesu waphenduka, waza wathi, “Ndiyakunioxolela ngoko. Kodwa xana uMoya oyiNgwele ufika uze uyenze, ukuthetha igama ngokuchasene naYe akusokuze kuxoleleke kwelihlabathi okanye kwihlabathi elizayo.” Ngokuba nibize uMoya kaThixo owawukuYe, “umoya ongcolileyo.”

316 Ngoko, ukuba sithi sone ngabom, ukuba siyona, ukungakholwa ngabom. Hayi emveni kokwamkela iNyaniso, besizelwe ngokutsha; besingenakho ukona ngoko. Umoni akanakwenza esingaxolel-. . . UmKristu akanakwenza esingaxolelekiyo isono. Akanakusenza. Ngongenabuthixo okwenzayo okuya. Likhohwa elizenzisayo, hayi ikholwa.

317 Abo rabhi bamaYuda, owu, bacinga babelukhuni, kwaye babenee D.D.'s nee Ph.D.'s. Bacinga babeyithungele yonke, engxoweni, kodwa babengabona boni. Owu, babenokuba. . . Wawungenakubeka isandla ku-kubomi babo. Babecocekile, beziphethe kakuhle, kwaye belungile, ngala ndlela. Kodwa babengabangakholwayo.

318 Kwaye uthabatha igama isono uze ufumanise oko likuthethayo. Igama *isono* lithetha “ukungakholwa.” Mabini kuphela amaqela, oko kukuthi, ikholwa okanye ongakholwayo. Oko kukuthi, umntu ogwetyelweyo okanye umoni. Yilonto. Ukuba ungongakholwayo, ungumoni; akukhathaliseki ulunge kangakanani, uya kangakanani ecaweni, okanye nkqu nokuba ungumshumayeli. Usengongakholwayo.

319 Abo baFarisi babengabashumayeli, kwaye babengabangakholwayo, kwaye basesihogweni namhlanje ngalonto. Nje ukuba ngabenkolo njengoko babenakho, benentlonelo, kodwa babengaMkholelwa. Kwaye baMbiza, “umtyholi,” baze baliphikisa iLizwi Lakhe. Kwaye abanye babo bathi, “Ukuba wena unguye, ngoku yehla emnqamlezweni. Yenza ummangaliso. Masikubone uwenza.” Omnye waMbetha entloko, ngentonga, waze wathi, “Profeta uze usixelele ngubani okubethileyo, wena mprofeti, kwaye siyakukukholelwa.” Yabona, abangakholwayo! Bazenzisa ukukholwa ukuba babengamakholwa, kodwa babengabangakholwayo, abangahlaziyekanga, bohlukani swa, nakubeni babenyulu kwaye benentlonelo.

320 Noko, yinto enye emileyo namhlanje. Amadoda nabafazi banokuya ecaweni baze babe nobuso obude, kwaye—kwaye bahlonele kangangokuba banokubanakho, kwaye bangaze baxoke, babe, baze bazame ukuphila inkolo yabo ngokungcono abanokuba nakho. Kodwa, ngaphandle kokuba bangamakholwa, balahlekile. Ke akukho mkrwelo wokuba

ngowomthetho ongqongqo eBhayibhileni. UbuKalvini lu... Ubabalo koko uThixo akwenzele kona, kwaye imisebenzi koko wena ukwenzela uThixo. Yahlukene ngokupheleleyo.

³²¹ Ukuba uyeka ukuxoka, uyeka ukutshaya, uyeka ukuba, uyeka ukukrexeza, uyeka konke, wenza yonke into, ugcina imithetho, uze uye ecaweni, ubhaptizwe qho ngeCawa, uthabatha umthendeleko, uhlambe iinyawo zabangcwele, wenze yonke into, uphilise abagulayo, kwaye wenze zonke ezi zingezinye izinto, ngaphandle kokuba uzalwe ngoMoya kaThixo, wanyuliwe, ulahlekile. “Asingulowo ufunayo okanye lowo ubalekayo, kodwa nguThixo obanakalisa inceba.”

³²² U-Esawu wazama okungcono kwakhe ukuba ngumKristu, kwaye zange akwazi. IBhayibhile yathi walila kabuhlungu, efuna indawo yokuguquka, kwaye akabanga nakuyifumana. Ngaphambi kokuba azalwe, uThixo wamgweba, kuba Wayeyazi wayengunomaqhingana obolileyo entliziyweni yakhe. UThixo ngolwazi lwangaphambili wayazi. Wathi, “Ndiyamthanda uYakobi, kwaye ndimthiyile u-Esawu.” Kwaye u-Esawu wakhangeleka njengenene. Wahlala edlwini, ekhathalele utata wakho omdala oyimfama, esondla iinkomo, kunye nento yonke, wayeyinkwenkwe elungileyo.

³²³ Kwaye uYakobi wayeyinkwenkwe kamama, endala encinci isisi engumbalisi mabali. Yilonto awayeyiyo. Kufanele uyivume lonto. IBhayibhile iyavuma, iyayizisa. Esihla enyuka, esenza yonke into. Kwaye—kwaye, umama, ejinga kumama. Kodwa, noko, uYakobi, kunye nawo onke amahla ndenyuka akhe, nendlela zakhe zobusisi, wayenayo intlonipho koba buzibulo. Lowo ngundoqo.

³²⁴ U-Esawu wayelinene ngokuphindiweyo kuYakobi. Ukuba bekufanele simgwebe namhlanje, ukuba lilungu lebandla lethu, beniyakuthabatha u-Esawu, iwaka kwisinye, ukuba beningamazi yena. Kodwa uThixo wathabatha uYakobi.

³²⁵ Ubuyakwenza ntoni ngeNgcwele uPawulos, ukuba wayefuna ukuba ngumlungiseleli? Elincinci, elinempulo egoso iJuda, kwaye umlomo wakhe ume emacaleni, eqhubeka enochuku, kwaye nendlela azakulichitha ngayo iBandla, uzakwenza yonke into. Ubungacinga wenza isono esingaxolelekiyo, kodwa uThixo wathi, “Ngumkhonzi waM.”

³²⁶ UThixo uthabatha amadoda aze awenze ahluke, hayi amadoda athabatha uThixo aze abe ngawahlukileyo. UThixo uthabatha indoda aze ayenze yahluke. Asikuko oko ukwenzayo, oko uyakukwenza, oko ukucingayo. Koko uThixo akwenzayo. Nantso ke. Kwaye elo libali.

³²⁷ Ngoku, lo Melkitsedeke mkhulu, elinjani ibali kuYe apha! Sifuna ukufunda intwanana, nje uhlobo lwe... kuye kwafuneka sidlule kuyo ngokukhawuleza kakhulu. Sizakuqalisa emva

apha kwindawo ethile yeSibhalo, kwaye sizakuqalisa malunga nomqolo we-15.

Kwaze kusamele... ekuhleni ngakumbi: ukuba kuya... ngako okuya ngokufana noMelkitsedeke kuvele omnye umbingeleli.

³²⁸ Ngoku, uMelkitsedeke yayinguMbingeleli. YayinguYe? Naku Awayekuko. Siyafumanisa ukuba uThixo, ekuqalekeni, wayengumthombo omkhulu kaMoya. Ingaba injalo? Wayengenandawo yokuzalelwa. Wayengendawo yokufela. Wayengenasiqalo samihla. Wayengenasiphelo saminyaka. WayenguNaphakade njengokuba uNaphakade enguNaphakade. Akazange wazalwa. Akazange wafa.

³²⁹ Kwaye phaya, siyafumanisa ukuba, Wayenezinto ezahlukeneyo esisixhenxe zikaMoya. Ingaba oko kunjalo? IBhayibhile itshilo, kwiSityhilelo, ukuba “OoMoya abasixhenxe phambi kweTrone kaThixo.” Ingaba injalo? Isixhenxe, iintlobo ngentlobo, uMoya osixhenxe. Siyafumanisa, kukho imibala esixhenxe. Kukho izigaba zebandla ezisixhenxe phaya. Owu, iyaqhubeka nje. Isixhenxe kukuphelela, kwaye uThixo wayephelele. Kwaye ooMoya abasixhenxe, kwaye aboMoya babegqibelele. Owokuqala yayingumbala ubomvu; uthando olugqibeleleyo, intlangulo. Kwaye indlela, ukuba besinexesha, lokunika loo mibala size sibone ukuba ngamnye walomibala umele ubunyulu bukaThixo. Amen. Loo mibala, kukho imibala yendalo esixhenxe. Loo mibala imele ubunyulu bukaThixo. Kwaye i... Loo mibala imele iinjongo zikaThixo, ukuziphatha kukaThixo. Loo mibala isixhenxe, imele izigaba ezisixhenxe zebandla, iinkwenkwezi ezisixhenxe, iingelosi ezisixhenxe. Konke ngeSibhalo, abalungiseleli abasixhenxe, abathunywa abasixhenxe, imiyalezo esixhenxe, konke kwizixhenxe. Iintsuku ezisixhenxe. Iintsuku ezintandathu, kwaye olwesixhenxe yisabatha; kugqibelele, kuphelele. Owu, intle, ukuba nje besinexesha lokomba kuyo size siyikhuphe, loo mibala!

³³⁰ Thabatha umbala obomvu. Sithabatha umbala wokuqala, ngubomvu. Yintoni ubomvu? Ubomvu ngumqondiso wengozi. Ubomvu ngumqondiso wentlangulo. Kwaye ujonga kubomvu ngobomvu, yintoni umbala oyiyo? Ngumhlophe. Ichane kile lonto. Ke xana iGazi elibomvu laphalazwayo, ukugquma isono esibomvu, uThixo, ejonge ngeGazi elibomvu, wajonga kwisono esibomvu, siba mhlophe. Ikhohla alinakona. Ngokuqinisekileyo hayi. IMbewu kaThixo, iintsikelelo zikaThixo, zihlala kulo. UThixo akanakubona nto kuphela iGazi loNyana Wakhe Yena. Akukhathaliseki yintoni eseBandleni Lakhe, iyintoni, uThixo akayiboni, ngokuba uYesu wenza ungxengxezelo, okoko, uMbingeleli oMkhulu. Akukho ndlela kuye yokuba one, xana elinjeya iDini lilele phaya ngenxa yakhe, ngolwa hlobo. Ngokuqinisekileyo hayi.

331 Kwaye ngoku ukuba uthi, “Kuhle, oko kundinika ithuba elihle. . .” Ngoko oko kubonisa akulunganga.

332 Uyakukuxabisa Okuya. UyakuLithanda, ukuba ungumKristu wenene, ukuya kwindawo apho isono siyakungcungcuthekisa de ungabinakusenza. “Kuba iMbewu kaThixo ihleli kuye, kwaye akanakona.” IBhayibhile yathi, “Owakhe wahlanjululwa ngeGazi likaYesu, akanamqweno wesono.” Ukuba unomqweno, intliziyo yako ayilunganga mayela noThixo.

333 Ngoku, uyakukwenza okungalunganga, kodwa akukwenzi ngabom. Yabona? U—ubanjisiwe, kwaye nantoni obanjisiwe kuyo, okanye wenze into obungajonganga kuyenza, ayisosono okwakalokunje, uyakuguquka ngomzuzu ubona ukuba akulungisanga. Uyakuphethuka ngokukhawuleza uthi, “Andibhekiselelanga. . .andikubonanga okuya.” Uyakutsho oko, kubo bonke ubomi bakho. Indoda ayifuni kuba njalo, eso sisizathu sokuba siziziyatha kangako kwaye sisebumnyameni kangako, ezantsi apha emhlabeni, okokuba kukho isingxengxezelo seGazi esenzelwe thina, lonke ixesha, ukusigcina sigqunyiwe. Kuba, impazamo yokuqala esihlangene. . .

334 Ngoku, naluya uluvo lwakho lobungqongqo ngomthetho. “Owu, uyayazi intoni? La mfazi wayengcwalisiwe. Kodwa, makabongwe uThixo, wenze okungalunganga. Ndiyayazi ukreqile.” Oko kuphosakele. Akakreqanga. Wenze impazamo. Ukuba uyenze ngabom, ngoko ebengalunganga, indawo yokuqala.

335 Ukuba ebengabhiselelanga ekuyenzeni, kwaye uhamba phambi kweBandla elingwele likaThixo aze ayihlambulule, aze athi, “Ndonile, kwaye ndixolele,” ubophelekile ukuba uyenze. Akuyenzi entliziyweni yakho, ngoko ufanele uye esiguqweni wena. Yinyaniso. Nabuya ubungwele benene ebandleni. Nabuya ubungwele obenene, ubungwele hayi obakho, kodwa obukaKristu.

336 Andinabungwele bokubuzisa kuYe. Kodwa ndithembele koBakhe, ubabalo Lakhe, kwaye ndinalo entliziyweni yam. Ndinendingalifanelanga, akukho nto endinokuyenza yokuba ndiyifanele, kodwa ngobabalo Lakhe wandibiza kwaye wandimema ukuba ndize. Kwaye ndajonga kuYe, waza Yena wathabatha umnqweno wawususa kum. Ndenza amawaka eempazamo kwinyanga nganye, kunyaka ngamnye. Ngokuqinisekileyo, ndiyazenza. Kodwa xana ndibona ndonile, ndithi, “Thixo, bendingabhiselelanga ekuyenzeni, Uyayazi intliziyo yam. Bendingabhiselelanga ekwenzeni okuya. Bendibanjisiwe kokuya. Bendingabhiselelanga ekuyenzeni. Ndixolele, Nkosi.”

337 Ukuba ndenze okungalunganga kumzalwana wam, ndithi, “Mzalwana, ndixolele. Bendingabhekiselelanga ekukwenzeni okuya. Ngokuqinisekileyo, uThixo uyayazi intliziyo yam.”

338 Owu, nantso ke. Kukho idini leGazi. Nango amandla eVangeli, ela Bandla lingcwele liqhubeka. Hayi ngokuba into ethile oyenzileyo; yinto ethile ongenanto yakwenza nayo. Nasiya isiCamagushelo.

339 Ngoku, lo Melkitsedeke, xana Yena esiza.

340 Ndifuna ukunixelesa enye into. Nakhe nayithabatha i—ingceba yeglasi embombho-ntathu? Thabatha ingceba yeglasi embombo ntathu, uze uyibeke ukuze ilanga libe nokuyichana, iyakuvelisa imibala esixhenxe egqibeleleyo. Ingceba yeglasi embombo-ntathu iyakuvelisa umnyama. Oko kunjalo ngqo. Ngoku, ukuba besinexesha, besiya kuya kokuya. Isithathu sizisa ingqibelelo: Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele; ugwetyelo, ungcwaliseko, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Nantso ke. Ingqibelelo iza ngesithathu. UThixo, phezu komntu; uThixo, eMntwini obizwa Yesu; uThixo, eBandleni. Emva koko, ingqibelelo.

341 Indoda yona, oko nje uThixo wayephezulu *apha* kwiNtsika yoMlilo. UThixo. . . Umntu wona, gxebe, phambi koThixo, oko nje uThixo wayekwiNtsika yoMlilo, ngokuba waye esisidalwa esiyingqambi, igazi lesilwanyana lalilele phambi Kwakhe.

342 Emva koko iMvana kaThixo yeza, inyathelo lesibini elicacileyo likaThixo; uThixo okwamnye, esinye isikhundla. Kuze emva koko lo Thixo kwi. . . wayekuKristu, yayinguThixo okwamnye owayekwiNtsika yoMlilo. Kwaye uThixo okwamnye wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu. Kwaze emva koko umntu wahlekisa ngaYe, kwakusaphendulwa ngalonto. Kwakungekho Gazi liphalaziweyo okwangoko. Injalo lonto. UYesu wathi, “Ndiyakunixolela.”

343 Kodwa ngoko Lowa ukwamnye owayeyinyama, waba kwiNtsika yoMlilo kwakhona. “Ndiphuma kuThixo. Ndibuyela kuThixo.” Naku sifumana uPawulos ehlangana naYe, endleleni eya ezantsi eDamasko, laa Ntsika yoMlilo ikwanye. Sifumana uPetros ehlangana naYe ejele, laa Ntsika yoMlilo ikwanye. Ngokuqinisekileyo. Kwaye siyaMbona namhlanje, phakathi kwethu, iNtsika yoMlilo ekwanye.

344 Kodwa igqibelelo ifikile endaweni, yokokuba uMntu osembindini. . . Ngoku, ukuba kuyenzeka kubekho umYuda apha, okanye umntu othile oyiqondayo iTestamente Endala. Yiqondakalise, mandikubonise. Andinayo iTestamente Endala kum, kanye ngoku. Lena yi—yiTestamente Entsha. Kodwa ekunikelweni kwesonka sasetempileni kwisitya sekosher, kwidini lamaYuda ekucocweni kweminquba; buza nawupi umYuda; ngalomaqhekeza mathathu esonka, iqhekeza eliphakathi laliqhekezwa. Lowo yayinguKristu. Iqhekeza

eliphakathi laliqhekezwa; uKristu, elisembindini. Labonisa ukuba kufanele kubekho ukuqhekezwa, ndaweni ithile, ukwenzela intlangulo. Kwaye elaqhekeza lalibalelwa intlangulo, kwisonka sekosher.

³⁴⁵ Kwaye nanku Yena apha. Kwaye ngobu busuku, xana sithabatha umthendeleko, siqhekeza isonka sekosher, kuba sona singumzimba kaKrsitu. Kwaye Yena waqhekezwa eKhalvari, ukuba abe siSicamagushelo sezono zethu, okokuba ngobulungisa Bakhe sibe nokuba bubulungisa Bakhe. Ngokuba, Yena waba sisona sethu, ukuze sibe nokuba bubulungisa Bakhe. Mzalwana, olo lubabalo olunyulu. Ngokuqinisekileyo. Akukho ndlela, nayiphi engenye indlela onokuyithethelela.

³⁴⁶ Ngoku, lo Melkitedeke, loMntu mkhulu okwahlanganwa naye endleleni, wahlawula, u-Abraham wahlawula izishumi kuYe. Inkulu kangakanani iNdoda Awayefanele waye eyiyo! Ngoku qaphela, ngokukhawuleza.

Owenziwa, hayi emva komthetho we...imimiselo yenyama,...

³⁴⁷ Ngoku yabona lamthetho ungqongqo? Umthetho wathi, “Uze ungabulali. Uze ungakrexezi. Uze ungebi.”

³⁴⁸ UYesu waphethuka, wathi, “Kuthiwe ngamanyange, ‘Uze ungabulali,’ kodwa Mna ndithi nabani osukuba enomsindo ngakumzalwana wakhe, ngaphandle kwesizathu, usele ebulele. Kutshiwo, kumanyange, ‘Uze ungakrexezi,’ kodwa Mna ndithi kuni, nabani osukuba ejonga umfazi amkhanuke, selemkrexezile entliziyweni yakhe.” Nantso ke. Oko kufanele kufundise abafazi indlela yonkunjiba, indlela yokwenza okulungileyo. Unxiba ngokungalunganga, uze ubangele amadoda akujonge ngendlela engalunganga, unetyala lokukrexeza, nje into ekwanye njengokwenza isenzo. UYesu watsho njalo.

³⁴⁹ Kwaye nina bantu kunye nalemisindo yesarha-yesabile, abasoloko betsazisa emlonyeni kumntu othile, aninakumelana, kunye nezinto ezinjeya. Lumkani. Ninetyala ukuba nithetha ilizwi ngokuchasene nomzalwana elingalunganga, hayi nje, nijikeleza kwaye nikrazula. Akudingeki ukuba ufake imela kumhlana womntu ukuze umbulale. Ungophula isimo sakhe uze umbulale, wobulale impembelelo yakhe. Uthethe ngokuchasene nomalusi wakho apha, utsho into embi malunga naye, ungaske ke ube umdubule. Ubuchaze into ebingalunganga ngaye, kuhle, iyakubulala impembelelo yakhe ebantwini kunye nezinto ezinjeya, kwaye unetyala lalonto. Oko awakutshoyo uYesu.

³⁵⁰ Ngoku, phulaphulani apha, oko—oko uPawulos wayezama ukufika kuko apha. Ndiyayithanda leBhayibhile indala. Iyakolula. Jonga, owu, jonga nje apha. Ngoku, njengoko sifuna isine-... “Iyi...kuba ibubungqina ukuba iNkosi yethu yaphuma kwaYu-...” Linda, ndiyakholwa ndinomnye umqolo apha ebendizakuwufunda. Hayi, ezantsi apha kowe-16.

Owenziwe, hayi ngokomthetho wo...wemiyalelo engeyenyama,...

351 Oko kungokomthetho, niyabona. “Owu, mzalwana, be—bendingafanelanga. Bendingafanelanga. Ndiyayazi, kodwa ndi...” Asiyyo. Luthando oluyenzayo.

352 Indlela esigqithe ngayo kuyo! Ndathi, “Ukuba ndithe kowam...malunga nomfazi wam, ‘Owu, kulungile, ndi—ndi—ndingathanda ukuba nabafazi ababini. Ndingathanda ukuyabula *nalona*, ndenze *oku* phaya. Kodwa, ukuba ndiyayenza, umfazi wam uyakundala ngoqhawulo mtshato, kwaye abantwana bam baya...Ulungiselelo lwam luyakulahleka.” Wena omdaka, obolileyo umhanahanisi. Injalo lonto. Akumthandi kakuhle, indawo yokuqala. Oko kunjalo ngqo.

353 Ukuba ubumthanda, bekungayi kubakho mthetho malunga nayo. Ubuya kumthanda, nakanjani, kwaye ubuyakunamathela kuye. Injalo ngqo lonto. Kwaye nina bafazi niyakwenza into ekwanye kubayeni benu. Injalo lonto.

354 Ngelinye ixesha abafazi baba yindawo okanye...

355 Indoda ibona othile uJezebhele omncinci eqatywe konke, niyayazi, kwaye—kwaye uyakujikeleza, uwe kuye; mhlawumbi ube unomfazi olungileyo. Kuze emva koko uzibize umKristu. Ihlazo kuwe. Udinga elinye iyeza lwesiguqo. Injalo lonto.

356 Kwaye abanye benu—kwaye abanye benu bafazi niyabhekabheka kothile omncinci omdala umfo enenwele zakhe zityibilikela ezantsi iVaselina eyaneleyo kuzo zokuba zi...avule umlomo wakhe. Kuze mva koko wena...

357 Enye encinci endala intombi, apha kungekudala...Esi ayisosiqhulo, kuba andibhekiselelanga ekuyixeleni njengesiqhulo. Kodwa abantu bayayazi ukuba lena asiyondawo yokuqhula. Kodwa intombi endala encinci apha, yona...Kwakukho amakhwenkwe alungileyo apha, amakhwenkwe angamaKristu. Kudala, xana ndandisalusa apha, sasiqhele ukuba neeklassi zamadoda asematsha. Kwaye bendiyakuthetha kubafazi abasebatsha emva kwemini ngeCawa, malunga nesondo kunye nezinto. Emva koko emva kwemini ngeCawa elandelayo, ndithethe kumadoda asematsha, ndize ndizame ukufumana ezo zinto zinqandwe.

358 Ethile intombi encinci endala yaqalisa ukuhamba neqonci, ezantsi edolophini otshaya imidiza kwaye eneflaski epokothweni yakhe. Kwaye wayeqhuba encinci imoto engenaphahla apha edolophini. Andizange ndibe nakubona oko eyakubonayo kule nkwenkwe. Yayingayikuza enkonzweni. Ibiyakuhlala phaya phandle. Imfake enkonzweni khona apha, ize emva koko ihlale phandle phaya ngaphandle, emotweni yayo, ize ilinde, ibingayi kungena ebandleni. Ndathi kuye ngenye imini. Uhlala eNew Albany. Ndathi, “Ndifuna ukubuza into ethile, ntombazanana.

Yintoni ehlabathini oyibonayo kulankwenkwe?” Ndathi, “Into yokuqala, ithiye kwa lenkolo onayo—onayo. Iyamcekisa uKristu wakho. Ayisayi kuze inkwenzele umyeni. Iyakwenza umantsheke kakhulu, bonke ubomi bakho.” Ndaza ndathi, “Kulungile, kukho amahle amakhwenkwe angamaKristu apha onokuhamba nawo. Kwaye phaya utata wakho nomama wakho bacekise kwa ingcinga yakho yokuba uzikhuphe, kodwa uyazikhupha nakanjani, kwaye ucinga, ‘Ungomhle oneshumi elinesithandathu.’”

³⁵⁹ Waqalisa ukuqaba ubuso nokuphuma, kwaye into yokuqala, waya kwihotele ezisecaleni kwendlela. Umkile ngoku uye kuNaphakade. Kodwa, ngoko, wema apha. Kwaye niyayazi yintoni isizathu la ntombi eyandinika sona emva phaya, sokokuba iyayithanda la nkwenkwe? Yathi, “Unezinjalo ukubazintle iinyawo ezincinci, kwaye unuka kamnandi.” Ungafane uyicinge lonto? Ukuzifaka isinukisi kamnandi, obo bubusisi, hayi indoda.

³⁶⁰ “Jonga,” ndathi, “dade, ndingakhetha ukuhamba nenkwenkwe engumKristu enenyawu ngathi yimoto yomdongwe kwaye inuke okweqaqa, ukuba ngenene ibingumKristu.” Injalo lonto. Yinyaniso. Ehe.

³⁶¹ Sisizathuzo, “Ezinjeya ukubazintle iinyawo, kunye nokunuka kamnandi.” Omncinci umhambi hotele yasecaleni kwendlela, ekugqibeleni yabonakalisa ubomi bentombi. Lihlazo, kukuhlazeka.

³⁶² Umtshato ubekekile, kodwa ufanele ungenwe ngokuthandaza nangentlonelo. Kwaye uthando lwenene ngala mfazi luyakunibophelela kunye naphakade. “Okubotshiweyo emhlabeni, Ndiyakukubopha eZulwini.” Xana usihla ngestrato ngaphaya, angaba mdala kwaye abengwevu aze ashwabane, kodwa uthando olukwalunye obe unalo ngaye xana wayesemtsha, umfazi omhle, uyakuhlala unalo.

³⁶³ Ungaba namagxa agobileyo, intloko enempadla, kunye nobuso obushwabeneyo kunye nayo yonke into engenye, kodwa yena uyakukuthanda nje ngokufana nowakwenzayo xana wemayo kunye namagxa abanzi neenwele ezijikojiko, ukuba nguThixo ngenene. Kuba ukhangele kwixesha xana uwelele umlambo ngaphaya, xana ubuyela emva, kwakhona ekubeni ngabafana nabafazi abatsha, nihlale kunye ngonaphakade. Eso sisithembiso saNaphakade sikaThixo. Uthe Yena uyakuyenza. Yena, hayi kuphela okuya, sizakufika kuyo emzuzwini, Wafunga Uyakuyenza.

³⁶⁴ Phulaphulani koku, njengoko siqhubeka.

*Owenziwa, . . . ngokomthetho we . . . wemimiselo
engeyenyama, kodwa ngokwamandla e . . . ubomi
obungenakupheliswa.*

365 Ngoku sizakufunda ngokukhawuleza, ukuze sibe nokuyifumana.

Kuba unggina ngokuthi, Wena ungumbingeleli ngonaphakade ngokohlobo lukaMelkitsedeke.

Oko nje kuyakubakho umbingeleli odingekayo, Yena uyakuba nguMbingeleli.

Kuba okunene kutshitshiswa umthetho owandulelayo. . . kuswela amandla nokungancedi lutho kwawo.

Kuba umthetho lowo awugqibelelisanga nto. . .

366 Akunakho, akukhathaliseki nokuba wenza ntoni. Uyeka ukusela, uyeka ukutshaya, uyeka ukuxela ubuxoki, uya enkonzweni uze uzame ukwenza *lena* uze uzame ukwenza *leya*, usesenyameni. Oko nje ngumthetho. Umthetho awenzi nto igqibelele. Kodwa yintoni eyenza ingqibelelo? uKristu. Uzuko! Ndingayeka ukuxoka, ndiyeke ukuba, ndiyeke ukukrexeza, ndiyeke ukuhlafuna icuba, ndiyeke zonke izinto, kwaye futhi ndisesenyameni. UThixo akayamkeli, ngokuba andinanto yokunikela kuYe ekungxengezeni.

367 Kodwa ngomzuzu endibeka izandla zam phezu kwentloko esikelekileyo yeNkosi uYesu, ndize ndithi, “Nkosi, andilunganga. Ungandithabatha njengesicaka Sakho?” aze uThixo ancamise asuse isono sam, ndima ndigqibelele ebusweni bukaThixo. Injalo lonto. Kutheni? Andimanga ekufanelekeni kwam. Ndime koKwakhe. Kwaye Yena usigqibelelisile, ngokuva Kwakhe ubunzima neGazi Lakhe.

368 Ndiyabona lixesha lokuvala. Kodwa ndifuna ukugqiba ukufunda oku ukuba ndinganakho, ngokukhawuleza.

. . . owandulelayo ngenxa yokuswela amandla nokungancedi lutho kwawo.

Kuba umthetho awugqibelelisanga nto, kodwa kungeniswa kwelona lingcono kwenzile; (Yintoni ithemba elingcono? UKristu.) esisondela ngalo kuye uThixo.

369 Ngokuba? Ngako konke ukulunga kwethu, nako konke ukulunga kwethu, nako konke ukulunga kwethu, sisesenyameni. Kodwa nje ukuba seBukhloneni bukaThixo, siqonda ukuba asinakho ukuma phaya, kuphela ngeemfaneleko zikaYesu Kristu, ngoko sisondela kuye uThixo, ngeemfaneleko zoNyana Wakhe. “Nkosi, ndiza kuWe, ngentliziyo emsulwa. EGameni loNyana Wakho uYesu, nceda undamnkele.” Owu, mzalwana, uza ngendlela ephilayo ngoko.

370 Hayi, “Nkosi, Wena uyayazi ndiyeke ukusela. Wena uyayazi ndiphatha umfazi wam kakuhle. Wena uyayazi ndenza *oku*. Ndenze *okuya*.” Akunanto yakunikeza ngayo.

371 “Kuba umthetho wemiyalelo engeyenyama ayinakwenza nto, kuphela ukuziswa kwelinye ithemba elingcono kwenzile. Elothemba elinguKristu, sinalo njenge ankile yomphefumlo, liqinile kwaye liqabile.” Qaphela.

Kanjalo ngangokuba *engamiswanga kungabangakho sifungo...*

Isimela bizo, ukuba uyakuqaphela apha, ikumagama akekeleyo.

...wayenziwe umbingeleli:

Hayi kuphela umbingeleli, kodwa Wayenziwe uMbingeli ngesifungo. Hayi...

372 Ngoku qaphela. Masifumane bonke ububingeleli.

(Kuba abo babingeleli, abaLevi, anobulungisa, angamalungisa, anyanisekileyo amadoda, abo babingeleli benziwa ngaphandle kwesifungo;...)

373 Wathi nje uThixo, “Ngokohlobo luka—ngokohlobo luka Aron, Wabenza aba babingeleli.” Behla beza ngezizukulwana. Baya esikolweni baza bafunda ukuba ngabashumayeli nanjalo njalo. Beza behla. Ke uThixo wabenza ababingeleli ngolwahlobo. Bazenza ababingeleli, ngemfundo yabo, ngelifa labo, nanjalo njalo. “Kodwa le Ndoda yenziwa uMbingeleli ngesifungo awasithabathayo uThixo.” Phulaphulisisani ngoku.

(...benziwa ngaphandle kwesifungo; kodwa lona ngesifungo ngalowa wathi kuye, iNkosi yafunga kwaye ayisayi kuguquka, amen, Wena ungumbingeleli ngonaphakade ngokohlobo lukaMelkitsedeke.)

Ngangoko uYesu waba ngummeli wowona ungcono umnqophiso.

Ngoku, ngokukhawuleza.

Kwaye ngenene baba baninzi ababingeleli, ngokuba babengavunyelwa bahlale behleli ngenxa yokufa:

Amawaka aphindwe ngamawaka aphindwe ngamawaka, ababingeleli, kuba babengenanto kuphela nje kukufa nokufa nezilwelwe, nokufa nokufa nokufa.

374 Kodwa jonga Yena.

Kodwa le ndoda (eyintoni iNdoda?) UYesu, ngenxa yokuba ephila ehleli ngonaphakade, unobubingeleli obungenakudlula. Apho...

Ngoko unako nokubasindisa kude kuye ekupheleni; akukhathaliseki ikude kangakanani, ihle kangakanani, ingakanani ukuba kude, Yena unakho ukusindisa kude kuye ekupheleni; abo bazayo kuThixo ngaye,...

Hayi ngo...kubulungisa bakho; kodwa kuvumo lwakho. Yabona?

...abezayo kuThixo ngaye, ehlala ehleli nje ukuba abathethelele.

Uphaya kanye, okoko, esenza izingxengxezo.

Konjalo umbingeleli omkhulu waba sithi, ongcwele, ongenabubi, ongenabala, owahlukileyo kubo aboni, othe waziwa uMbingeleli oMkhulu eZulwini;

³⁷⁵ Nantso ke. Ngoku, ukuba ndizama ukumela ityala lam, ndiyakoyiswa. Ukuba ndizama ukuzisa, ndithi, “Kuhle, utata wam waye eyindoda elungileyo. Utata wam waye engumshumayeli. Kuhle, ndibe ndihlala ebandleni.” Ndisalahlekiwe yiyo. Kodwa le Ndoda Iyegqibeleleyo, uKristu. Uhleli phaya kwaye enikezela ngeGazi Lakhe okoko ngenxa yezono zam. Nantso ke.

Ongadingi awemihla ngemihla, njengabaya... babingeleli, ukunyusa amadini, kuqala elezono zakhe, kuze mva koko awabantu: kuba oku wakwenza kwaba kanye, xana wazinyusa ngokwakhe ngokwedini.

³⁷⁶ Ngoku qaphela umqolo wokugqibela.

Kuba umthetho umisa abantu babe ngababingeleli abakhulu benobulwelwe;...

³⁷⁷ Oko koko kungumthetho, umthetho ongokwasenyameni, okwenzayo. Ngoku, ndinqwenela nje bendineeyure ezimbini kanye apha. Leyo yindlela umthetho osenza amadoda abe ngabashumayeli. Injalo onto.

³⁷⁸ Ngokuba, bona bathi, “Kulungile, le ndoda inamava esikolo sakwalizwi.” Bendingayi kunanisa ngawam amadala amava aseZulwini ngenxa yazo zonke izikolo zakwalizwi ehlabathini.

³⁷⁹ “Ngokuba, siye sayifundisa le ndoda. I—ikhethiwe. Iyindoda ezenze ngokwayo.” Andiluthandi olwahlobo. Ndithanda indoda eyenziwe nguThixo. Yabona? Yabona?

³⁸⁰ Kodwa umthetho usenza ababingeleli. Umthetho usenza abashumayeli. I—ibandla lamaBhaptizi, bakhupha abashumayeli; izandla zizele ngabo, banomatshini obakhuphayo. AmaWisile anabo. AmaBhaptizi anabo. AmaRhabe, Nazarene, Pilgrim Holiness, Pentekoste, babakhupha ngokukhawuleza kangangokuba benokuba nako, njengolawulo olukhulu, umatshini omkhulu. Bame phaya njenge...

³⁸¹ Ndasoloko ndisithi, “Ngokuqinisekileyo ndi—ndiye ndabanosizi ngenkuku efukanywe ngumatshini.” Niyayazi, encinci endala inkuku eqanduselwe phantsi kwematshini yokufukamisa, ayiqanduselwanga kakuhle. Hayi. Isikhukukazi sifanele siqandusele inkukhu. Kodwa inkukhu efukanywe ngumatshini, xana iphuma, yona “tsip, tsip, tsip,” kwaye ayinamama wokuya kuye. Yabona? Aliyazi yintoni umama. Injalo lonto. Liyatsipiza lifuna yena, kodwa alinaye namnye.

³⁸² Kodwa inkukhu encinci eqanduselwe phantsi kwesikhukukazi, ngendlela yendalo, liyatswina aze umama aphenndule. Injalo lonto.

³⁸³ Kwaye ngamanye amaxesha ndicinga malunga nalamava esisikolo sakwalizwi okuphuma phantsi kwesifukamiso eLouisville kunye nakwihlabathi lonke, kuqandusela abashumayeli kangangamawaka. Izifukamise zobuPenteskoste, nezifukamiso zobuRhabe, ne—nezifukamiso zamaBhaptizi, zonke ziyaqandusela awazo—awazo—awazo amantshontsho. Aya, “tsip, tsip, tsip,” aze athethe malunga nesifukamiso awayeqanduselwe kuso.

³⁸⁴ Kodwa ndiyathanda ukuba noTata, uMama. Malibongwe iGama leNkosi! Babengekho baninzi abazalwa nam, kodwa okwakuphaya yayingabantakwethu. Amen. SinoMama othi aphenndule xana u...uMama OseZulwini, Ongumama wethu sonke. “Njengesikhukukazi siqokelela amantshontsho aso, kwaye siwabizele kuso, aze—aze abizele kuye...sifukama phezu kwamantshontsho aso, ke Ndiyakufukama njalo phezu kwenu. Owu, Yerusalem, Yerusalem, koba futhi kangaphi Ndinithabatha njengesikhukukazi sisenza kumantshontsho aso! Koba futhi kangaphi ndibe Ndinenza abaM, kodwa anavuma. Nibe nazo izikolo zenu zakwalizwi, naqandusela ababingeleli benu. Banifundisa ngokuchasene naM. Ngoku nishiywe nedwa. Intshabalalo yenu ileli ngaphambi kwenu.”

³⁸⁵ Ngoku nditsho oku: Owu, bantu, owu, bantu, koba futhi kangaphi uMoya oyiNgcwele uyakundanda phezu kwenu, njengesikhukukaza sisenza kumantshontsho aso, kodwa nifuna indlela yenu, nizakuba nayo indlela yenu malunga nayo!

³⁸⁶ Ngobunye bobu busuku ndingathanda ukushumayela kwi, “Indlela yakho.” Niyayazi, uKayin wafuna indlela eyeyakhe. Umntu ufuna indlela eyiyeyakhe, namhlanje. “Kodwa ikhona indlela ekhangeleka ilungile, kodwa isiphelo kukufa.”

³⁸⁷ Ngoku qaphela. “Kokuya Wathi, ‘Omtsha—omtsha umnqophiso...’” Ndiyakholwa, ngoku ukuba...Hayi. Bendikwindawo engeyiyo.

³⁸⁸ Umqolo wama-28.

Kuba umthetho wenze ababingeleli abakhulu benobulwelwe; ke lona ilizwi lesifungo, elalikho kwasemthethweni, lenza uNyana, oqhubekekayo ngonaphakade.

³⁸⁹ UThixo makabongwe naphakade, woNyana oqhubekekayo naphakade ngokohlobo lukaMelkitsedeke. Kwaye Akazange abe nasiqalo. Akazange abe nasiphelo. Kwaye umthetho awunakuvelisa nto efana naleyo, ngokuba wawungokwasenyameni. Ibandla alinakuvelisa nto efana naleyo, amahlelo, ngokuba angokwenyama. I—izikolo zakwalizwi azinakuze zivelise nantoni efana naleya. Zizamile

ukufundisa ihlabathi kuYo. Zizamile ukwenza umbutho kuYo. Zizamile yonke indlela ehlabathini, ukwenza yonke into ebezinokuyenza, kwaye zashiya eyona nto ingundoqo: “Kufanele uzalelwe kuYo.” UThixo ukwenza ube koko ukuko, ngokuqinisekileyo, hayi ngokuba uyeka *oku*.

³⁹⁰ Ngoku, amaNazarene, anifanele nixibe umsesane, aninakunxiba iwotshi, kwaye nifanele nibe *nezithile-thile* izinto, ingalo zenu zifanele zibe *koku* ubude, imikhono, iziketzi zakho zifanele zibe *bobuya* ubude, kwaye a—kwaye amadoda awanakuba ngawasezindaweni zokuphumla. Kwaye abasayi kukubhaptiza ukuba akuyenzi. Kulungile. Naku kusiza umKatolika ngaphakathi, kwaye baneyabo. Kwaye naku kusiza amaWisile ngaphakathi, baneyabo. Wonke ubani kuba unentonga yokulinganisela ukulinganisela. Ukuba akuphumeleli, kulungile, yilonto. Yabona?

³⁹¹ Kuze emva koko, kodwa eyona nto yenene yile, yiyo le, “Akukho nto ezingalweni zam endiyizisayo! Ngokulula emnqamlezweni Wakho ndiyancamathela. Owu Thixo, ndize, ndingxwelerhekile, ndidinga uncedo. Owu, ndiza ngokuthobeka ngenene, Kristu, ndivuma ukuba andiyonto kwaye akukho nto ngaphakathi kwam. Ndamkele, Owu Thixo.” Emva koko uThixo uyakwamkela.

³⁹² Ngoku, ungabe akubazi noo ABC bakho. Ugabe akuyazi nekofu ukuyahlula kwiimbotyi ezicandekileyo. Ungayazi, ungangayazi ibhotolo yegee kokwenziwa ngesiqhamo sehaw, isandla sasekunene kwesasekhohlo. Ayenzi namnye umahluko oko *ungakwaziyo*. Inye into ekumele uyazi, yokuba, uYesu Kristu wathabatha indawo yakho njengomoni. Kwaye wena uthabatha indawo yakho, ukuze ume ebulungiseni Bakhe, uvuma imihla yonke ukuba akulungisanga, kwaye umthande Yena ngentliziyo yakho yonke, kwaye zonke iinjongo zakho zijoliswe kuYe, uyakulingena iZulu. Yilonto yonke ekuyo, kuba uBomi obabukuKristu bufanele bube kuwe, okanye ulahlekile.

³⁹³ Nje ngaphambi kokuvala, ingaba niyakhumbula umnqophiso ongenazixhomekeko awathi uThixo wawenza no Abraham? Yintoni Awayenzayo ngolwa rharya xana uThixo wathi, “Makhendibone...” Xana u-Abraham wathi, “Makhendibone Uzakuyenza njani.” Isahluko se-16, ndicinga siso, seGenesis. “Makhendibone indlela Ozakuyenza ngayo.”

³⁹⁴ Wathi, “Yiza apha, Abraham.” Waze Wasusa u-Abraham, wathi, “Yiya kuNdifumanela i—inkunzi yegusha, uze uye kuNdifumanele i—i—ibhokhwe, uze uye kuNdifumanele ithokazi lenkomo. Kwaye Ndifuna uzizise phezulu apha uze wenze idini.”

³⁹⁵ Waza wemka u-Abraham wafumana igusha, kunye ne—kunye nebhokhwe, kunye ne—ne—nemvana, okanye, ithokazi lenkomo. Waza wazibulala. Zonke zazilidini elicocokileyo. Waza wazicanda kubini, waza wazibeka ngaphandle. Emva

koko waya waza wafumana amavukuthu amabini, wawafaka ngaphakathi. Emva koko u-Abraham wagxotha iintaka kuwo, elindele uThixo eze. “Ngoku, Nkosi, nali idini, Uzakukwenza njani oku? Andiyazi Uzakumsindisa njani umntu ngokuchasene nentando yakhe. Andiyazi Uzakukwenza njani oku. Ungayenza njani, Nkosi?”

³⁹⁶ INkosi yathi, “Ngoku bukela, Abraham. Ungumprofeti. Ungowomoya, kwaye uyakukuqonda Endithetha malunga nako.”

³⁹⁷ “Kulungile, Nkosi, ndifuna ukubona.” Ngoku ndiyenza njengomdlalo webali.

³⁹⁸ “Ke, Abraham, nyuka uze apha ngoku, uze uhlale phantsi apha uze ugxotha iintaka.” Ke waphhekuza zonke iintaka wazigxotha, lade ilanga laqalisa ukuya kutshona.

³⁹⁹ Kwaye into yokuqala uyayazi, uThixo wehla. Xana Wehlayo, u-Abraham waqalisa ukozela. Wathi uThixo, “Abraham, ndizakukulalisa.”

⁴⁰⁰ Ngoku phulaphulani, sihlobo somthetho ongqongqo. Yabona, uThixo wathabatha u-Abraham wamkhuphela ngaphandle emfanekisweni ngokupheleleyo, akukho nto kwaphela awafanele ayenze kuyo. Kwaye leyo yindlela Awakufumana ngayo wena. Wena uthe, “Owu, ndifune uThixo.” Akukhange.

⁴⁰¹ UThixo ufune wena, “Akukho mntu onokuza kuM ngaphandleni koBawo waM amtsale kuqala.” Yabona?

⁴⁰² NguThixo ekhangela wena, hayi wena ukhangela uThixo. Akuzange wayenza. Indalo yakho ayilunganga. Uyihagu. Akwazi namnye umahluko. Uhlala nje ehokweni yehagu. Yilonto kuphela oyaziyo. Uyayithanda. Ukusela ibhiya, ukuyabula, ubaleke nomfazi wenye indoda, kunye nokwenza yonke into onokuyenza bububi, ikhangeleka nje ilungile. “Owu, mzalwana, sinexesha elimandi!” Ucinga ilungile.

⁴⁰³ Kodwa uThixo unkqonkqoza entliziyweni yakho. [UMzalwana uBarnham unkqonkqoza epulptini—Mhl.] Nantso into eguqulayo. Hayi wena unkqonkqoza kuThixo; uThixo enkqonkqoza kuwe. U-Adam akazange ankqonkqoze entliziyweni kaThixo; uThixo wankqonkqoza entliziyweni ka Adam. Kwaye wena ungunyana ka Adam. Injalo lonto. Ngaphambi kokuba u-Adam abe ngunyana kaThixo, kwakhona, uThixo kwafuneka ankqonkqoze entliziyweni yakhe. Ngaphambi kokuba ube ngunyana kaThixo, uThixo kufanele ankqonkqoze entliziyweni yakho.

⁴⁰⁴ Ngoko, u-Abraham waya kulala. Kwaye xana waya kulala, yintoni into yokuqala awayibonayo? Obona bubu, boyikisayo, boyikekayo ubumnyama. Oko kukufa, obuza phezu kwalo lonke uhlanga loluntu. Emva koko wajonga mgama kunokuya, waze

wabona umsi iziko eliqhumayo. Ngaphambi kokuba ufumane ukuqhuma, kufanele ube nomlilo. Eso sisizathu ndikholelwayo esihogweni njengendawo evuthayo. Kulungile.

405 Wabonisa, wonke kuthi kufanele afe, kwaye wonke kuthi kufanele aye esihogweni, ngokuba singaboni.

406 Ngoku, kodwa, ngaphaya koko, wabona okuncinci, okumhlophe ukuKhanya.

407 Kwaye oku kuncinci, kumhlophe ukuKhanya, yintoni ukuKhanya? Yayiyintoni okuya kuKhanya kumhlophe? La Ntsika yoMlilo eyahamba phambi kwabantwana bakaSirayeli. INTsika yoMlilo eyahlangana noPawulos endleleni eya ezantsi eDamasko. INTsika yoMlilo eyathabatha uPetros yamkhupha entolongweni. INTsika yoMlilo elapha ngobu busuku.

408 La Naphakade, uThixo ongunaphakade, Yena ngoKwakhe wahamba phakathi kwalamadini acandiweyo, (owu, bethu), emva naphambili kulo ngalinye. “Lena yindlela eNdizakuyenza ngayo, Abraham. Bukela Mna, into eNdizakuyenza. Ndenza umnqophiso apha. Kwaye Ndiyakuthabatha isifungo, sokuba, ngokweMbewu, Ndiyakuvusa uMthetheleli. Ndiyakwenza umnqophiso nokufa. Kwaye ndiyakukohlwaya ukufa, enyameni, ngokuba Mna ngokwaM ndiyakuza ndikuthathe kona. U-Abraham,” wathi, “ngayo iMbewu yakho, Abraham, kuyakuza, uyakuba nguyise wehlabathi, ngayo iMbewu yakho. Kwaye hayi kuphela wena, eNdenza lomnqophiso nawe, kodwa iMbewu yakho emveni kwakho.” Wayazi ukuba wonke ubani ayakuba kuko. “Hayi *bona*; kodwa oko Ndikwenzayo. Ndizakuyenza, Abraham. Ndamthemba u-Adam, kwaye wawophula owakhe. Kwaye bonke bayayophula eyabo. Kodwa Ndiyakuwenza lona nesiqum saM, ndize Ndizifunge, ‘Ndiyakuwugcina Lona.’” Amen. Amen.

409 Yintoni esiyenzayo, senza umnqophiso? Ndithi, “Mzalwana uNeville...” Ngoku qaphela oku, nje umzuzu. Ndithi, “Mzalwana uNeville, ndikuxelele yintoni endiyakuyenza. Ukuba uyakushumayela kude kube... ngomso ebusuku, kunye nobusuku obulandelayo, uqhubeke de kube ngoLwesithathu, Ndiyakushumayela, ukusuka ngoLwesithathu, ndiqhubeke de kube ngeCawa.” [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] “Uyasenza esa sivumelwano?”

410 “Ewe, mhlekazi.”

411 Nantsi indlela esiyenza ngayo. “Xhawula, kwedini.” Nantso ke. Lowo ngumnqophiso eMelika. Yindlela esenza ngayo umnqophiso.

412 Ngoku, bawenza njani umnqophiso eJapan? Senza, sithi, “Wenza *nje-na-nje*, kwaye ndiyakwenza *nje-na-nje*.” Sithabatha intwanana yetyuwa, kuba ityuwa sisongo. Kwaye sithabatha ityuwa, size siyigibisele kuMzalwana uNeville, kwaye

umzalwana uNeville uthabatha ityuwa—ityuwa ayigibisele kum. Lowo ngumqophiso obophelelayo.

413 Wawenza njani umnqophiso uDavid Livingstone kunye nontsundu ongum Afrika, ukuba aye kumhlaba wakhe? Waya waza wafumana inkosi, awayenokuthi agqithe kuyo phaya, ukuze ashumayeke iVangeli nokuba enze umsebenzi. Kwaye bathabatha iglasi yewayini. Nanku umnqophiso kunye nontsundu ongum Afrika. Baba neglasi yewayini. Kwaye inkosi yontsundu yatsala umthambo wayo, yaza yophela kuleglasi yewayini. Waze uDavid Livingstone watsala owakhe umthambo, waza wophela kwiglasi yewayini. Bayizamisa. ULivingstone wasela isiqingatha sayo, nenkosi yontsundu yasela isiqingatha sayo. Emva koko banika isipho, omnye komnye. Inkosi yontsundu, uDavid Livingstone wathi, “Yintoni oyifunayo kum?”

414 Yathi, “Lo dyasi imhlophe uyinxibileyo.” Ke uLivingstone wakhulula idyasi yakhe waza wayinika inkosi yontsundu. Yathi, “Ufuna ntoni?”

415 Wathi, “Lamkhonto wakho undilisekileyo owuphethayo esandleni sakho.” Kuba, wayeyazi wayenokungena ngako okuya, ke wathabatha lamkhonto. Kwaye babengabantakwe, ngokuba babenze umnqophiso.

416 Kwaye njengoko waqhubeka, kwaye iintlanga beziya kubaleka ziphume ukuya kumbulala, waphakamisa lamkhonto undilisekileyo. Kwaye xana wakwenzayo, zajonga zaza zathi, “Owu, owu, asinakumchukumisa lamntu.” Ngokuba? “Ngumntakwe womnqophiso, nakubeni emhlophe, asizange sambona ngaphambili.” Abazange bazi babentsundu de babona yena. Abazange bakubone okunjeya ngaphambili. “Kodwa ngumntakwe womnqophiso. Unomkhonto wenkosi esandleni sakhe.”

417 Onjani ukumbamhle umfanekiso, namhlanje, wokusela umnqophiso weGazi leNkosi uYesu, kunye namandla kaMoya oyiNgcwele phezu kwethu! Siya phambili eGameni likaYesu, kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bangabayo. NguMkhonto ondilisekileyo weNkosi. Jonga indlela oyiyo, umnqophiso?

418 Babewenza njani kumaxesha asempumalanga? Babesenza isifungo, omnye komnye. Babebulala isilo, basicande basivule, baze bame kanye phakathi. A—amadoda amabini ema phakathi kwaso, isilo esicandiweyo. Baze benze umnqophiso. “Ukuba ndisilele ukugcina *oku*, ukuba ndisilele ukwenza *oku*, ngokuba, *oku nanje-na-nje*, mawube nje ngesi silo sifileyo umzimba wam. Mawufane nesi silo sifileyo umzimba wam.” Kwaye xana basenza oko, bathathabatha lomnqophiso baze beme phakathi *koku*; benze isifungo, bathabathe isifungo sokuba bayakuyenza. Kwaye bakrazula iphepha, bobabini, kubini,

baze balinekeze kwenye indoda, elinye kwelandelyo. Ngexesha elithile bayakudibana. Kwaye mabafe ukufa, ukuba basilele ukugcina esa sifungo; aze abe njengezozilo zifileyo. Kulungile.

419 Uqaphele izilo ezintathu? Inqibelelelo; imvana, ibhokhwe, kunye nesithathu sedini eligqibeleleyo. Yayiyintoni imvana... Yayiyintoni ivukuthu? Kwaye ayethetha ntoni amavukuthu amabini? Amavukuthu amabini ayesenziwa idini losindiso nempiliso, kwi—kwi...athi ayokungena kuyo. Yabona? Izicamagushelo zazisenziwa zahluke, kodwa impiliso yaqhubekeka ngendlela ekwanye, kwaye laba njalo usindiso ukuqhekeka ngendlela ekwanye. Amavukuthu amabini, ayengahlulwanga, kuthetha ayemele, kokubini. Intsindiso... “Ngemivumba yakhe saphiliswa. Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu. Ngemivumba Yakhe saphiliswa.” Ayebekwe ecaleni, engahlulwanga. Kodwa umnqophiso, icala lesilo sasi (isithathu saso) candwe phakathi. Niyabona? Ngoko xana bakwenzayo oko, bakrazula baze benza umnqophiso wabo.

420 Qaphela yintoni uThixo awayeyixelela u-Abrahaha: “EKhalvari, eKhalvari, ngokweMbewu yakho. Kuwe kwaphuma u-Isake, ku Isake kwaphuma Nje-na-nje, uYakobi, KuYakobi kwaphuma uYosefu, kuYosefu kwaphuma, ukwehla, ukwehla, ukwehla, ukulandelelana, de, ekugqibeleni, ngala Mbewu yobulungisa!” Eyakhe...

421 Wegqitha nje, apha, esitsho ukuba iNkosi yethu yaphuma kwisizwe esingaziyo. UMoses akazange athethe nokuthetha ngaso, waphuma kububingeleli. “INkosi yethu yaphuma kwisizwe sakwaYuda.” Hayi kuLevi, kuba babengabomthetho ongqongqo ngokwenyama. Kodwa iNkosi yethu yaphuma kuYuda. Uzuko! Nantso ke. Apho lalenziwe khona idinga!

422 Phulaphulisani ngoku, njengoko sivala. Kwaye eKhalvari, uThixo wehla waza wathabatha umzimba woNyanan OngoWakhe, wona lowo Yena wayehlala kuwo, waza Yena Wawuqhaqha eKhalvari. Ukopha Kwakhe, ukuhlatywa, ukusikwa, kunye nomkhonto ungena phaya uMkrazula, kwaye iGazi Lakhe laphokoka. Waze wathi, “Bawo, esandleni Sakho Ndiyawunikela uMoya waM.” Wathokombisa intloko Yakhe. Waza umhlaba washukuma, yaza imibane yadanyaza, zaza indudumo zaduduma. UThixo wayebhala umnqophiso Wakhe wanaphakade.

423 Kwaye Wathabatha umzimba Wakhe ofileyo engcwabeni, ngomhla wokuqala evekini, waza wawunyusela phezulu eZulwini, waza wawuhlalisa phaya njengoMbingeleli oMkhulu, njengesikhumbuzo; uhleli phaya, ugqibelele, naphakade. Kwaye Wathumela uMoya Awathi wawukrazula wawukhupha kula mzimba, kanye emva ezantsi eBandleni. Kwaye ela Bandla kuyakufuneka libe noMoya okwamnye owawukula mzimba, okanye awusokuze uyondelelane naWo eluvukweni. Lo

masuntswana mabini kufuneka ahlangele ngokugqibeleleyo. Kwaye ukuba eli Bandla aligqibelelanga, nje ngokuchanekileyo uMoya okwamnye owawukuKristu, akusokuze uye kuXhwiilo.

⁴²⁴ Nanko umnqophiso wanaphakade, mzalwana. Wufune, ngokwakho, oko kusentliziweni yakho. Yithande iNkosi. Qiniseka ngenene usindisiwe. Sukuthabatha ithuba kulo. Uyangcakaza. Owu, wena, thina bantu abangamaMelika, siyakuthanda ukungcakaza, kodwa sukungcakaza ngoKuya. Qinisekisa ulungile. Hayi ngokuba ujoyine ibandla, kodwa ngokuba uzelwe ngokutsha ngenene, uKristu uzile kuwe, ngoMntu kaMoya oyiNgcwele.

⁴²⁵ Ngoku, nje ukuncoma, nako, nje ngokuba ndivala. Sifanele sivuye kanjani, ukubana uMoya omnye owawukuYesu Kristu, kanye phakathi kwethu, usenza izinto ezikwazinye Awazenzayo xana Wayelapha emhlabeni! Sifanele sivuye kanjani!

Masithandazeni ngoku, njengoko siqubuda iintloko zethu.

⁴²⁶ Nkosi, ibe iyimini enkulu. Nakubeni, ndiziva ngolwahlobo ndisoloko ndisenza, ndiyasilela. Andikwazi kuYiveza kakuhle, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba Uyakundixolela ngendlela zam zobuyatha. Owu, ndiyazivuma izono zam phambi Kwakho, kwaye ndicela inceba, ekwazini ukuba kukho uMbingeleli oMkhulu emile ngaphaya ngakwisandla sasekunene sikaThixo, eMazulwini, Ongenziwanga ngokohlobo luka Aron, emveni kwemithetho nezemithetho nezinto. Kodwa Wahlaliswa Phaya ngenxa yobabalo lukaThixo olwajonga phambili, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, laza landibona mna ezantsi apha ehlabathini, laza lafela izono zam, ukuze kubuyiselwe mna ebuKumkanini bukaThixo. Ndibulela Wena, Bawo, ngako oku.

⁴²⁷ Kuba, lo Moya olawulayo ngoku ebantwini Bakho unguNaphakade njengoko uThixo enguNaphakade. “Ndinikela kubo uBomi obunguNaphakade, kade uBomi, uBomi banaphakade, kwaye abasayi kutshabalala.” Kwaye eMgwebeni, abasayi kuba phaya. Badlulile emgwebeni. Baye eLuzukweni. “Kwaye ukuba lo mnquba wasemhlabeni uyabhangiswa, sinomnye osele usilindile ngaphaya esiya kuwo.” Enkosi kuWe ngokuya, Nkosi.

⁴²⁸ Ndiyathandaza ngoku, ukuba kukho ubani apha, ngobu busuku, ongazange asele elona Gazi lenene lomnqophiso, ongayaziyo Lithetha ntoni, ongaziyo kuthetha ntoni ukuzalwa ngokutsha, ukuba nobenene ubudlelwana noKristu entliziweni yabo, okanye entliziweni yakhe, banga bangamnkela Yena khona ngoku, njengoko silinda kwaye sinikeza eli thuba. Kwaye kulaMhla, siyathandaza ukuba siye sayimela iVangeli kukuKhanya okukuko. Siyathandaza, eGameni likaKristu.

⁴²⁹ Ngelixa sineentloko zethu ziqutyudiwe, kungabakho na umntu onokuphakamisela izandla zakho kuKristu, aze athi, “Kristu kaThixo, yiba nenceba kum. Ndivumele,

njengesicaka Sakho esingafanelekanga, ngoku ndamkele uMoya oyiNgcwele entliziyweni yam. Kwaye undinike isiqinisekiso nothando endludinga ngenene”? Ukuba akukaWufumani, ungaphakamisela izandla zakho kuYe, usithi, “Nkosi, lona ngumqondiso wokuba ndiyaWunqwenela”? Ungabeka isandla sakho phezulu? UThixo akusikelele emva phaya, nenekazi. UThixo akusikelele apha, mhlekazi. Sikelelwa apha, mhlekazi. UThixo abe nawe. Kulungile oko. Le ndoda ekupheleni apha, uThixo akusikelele, mzalwana wam. Kwaye umntu ongomnye, nje phambi ngoku sivale, nje silinde ithuba elimbalwa. UThixo akusikelele emva phaya, nyana. Omnye ongomnye?

⁴³⁰ “Ngoku ndinqwenela. Ndinqwenela, Nkosi Thixo. Uyayazi intliziyo yam. Uyayazi yintoni esengqondweni yam. Wena, ‘UMoya kaThixo uyakhawuleza kwaye ubukhali kunekrele elintlangothi-mbini, lide lihlabe liphumele lahlule umongo wethambo, kwaye nguMcaluli weengcingane zentliziyo.’” Cinga Ngoko. Uyazazi ezona ngcinga zakho, izicamango zakho.

⁴³¹ Ungaphakamisa isandla sakho? Uthi, “Yiba nenceba kum, Thixo, kanye ngoku. Ndi—ndifuna Wena wazi ukuba ndiyayazi ukuba andilungisanga, kwaye ndiyakuqonda oko, kodwa ndifuna ukuba ngolungileyo.” Kulungile, ngelixa sigcine iintloko zethu ezantsi, sithandaza ngoku, cinga nje umzuzu. Asifuni kungxama malunga nokuya.

Liwa Lakudala, ndizimelise,
Mandizimele kuWe;
Yenza amanzi neGazi,
Asuka kwicala Lakho eliqukuqelayo . . .
Abe ngawesono phindi-. . . (Phindiweyo
ukunyanga! Wafunga ngayo, ezimbini
ezingenakuguquka izinto.)
Sindisa emsindweni uze undenze nyulu.
Ngelixa nditsa . . .

⁴³² Owu Nkosi, siphe nje ngoku okokuba sonke siyakuqonda ukuba oku kuphefumla sikutsalayo kuyegqitha. Asiyazi mingaphi esinayo phambi kwethu. Konke oko kungoluleko olukhulu Lakho. Luqingqwe nguWe. Owu, yiba nenceba kuthi. Kunye nakwabo baphakamise izandla zabo, Nkosi, akukho sidingo sokubachaza. Wazi ngamnye kubo. Kodwa ndinikeza nje lo mthandazo wokubangxengxezela. Ndiyathandaza ukuba Wena uyakususa ukugwebeka entliziyweni yabo, uze ubenze baze ngokungafihlisi, nje ngoku, eTroneni; bahambe ngokuzithemba benyukela eTroneni kaThixo, babange ilungelo labo abalinikwe nguThixo. Ubabangele ukuba baphakamise izandla zabo. Bebengenakuyenza ngokunokwabo. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakunikeza oko eGameni likaYesu. Amen.

. . .mna kuWe;

Ngoku, mnquleni nje Yena ngoku.

Yenza amanzi ne . . . (Owu, bethu!)
Asuka kwicala lenxeba Lakho aqukuqelayo,
Abe ngaphindiweyo okunyanga isono,
Sindisa kumsindo uze undenze nyulu.

⁴³³ Bangaphi abaziva ngenene kamnandi ngoku? Phakamisani isandla senu, nithi, “Mayibongwe iNkosi!” [IBandla lithi, “Mayibongwe iNkosi!”—Mhl.] Owu, Uyamangalisa! Owu!

Kukho Indawo KwiThende. Ingaba uyayazi, Dade Gertie? Masiyicile. Bangaphi abayithandayo la ngoma? Ngoku sizakuba nenkonzo yobhaptizo, nje emzuzwini. (Uzakubabhaptiza?) Kulungile.

. . . indawo, ewe, kukho indawo,
Kukho indawo kwiThende ukwenzela wena;
Indawo, indawo . . .

⁴³⁴ Kulungile. Abo bagqatswa bobhaptizo, amadoda ayakuya kweli gumbi, abafazi baye kweli, kulungile, abo baza kubabhaptizelwa kwelisikelelekileyo iGama leNkosi yethu.

. . . kuhle kuwe,
Kukho indawo kwiThende ukwenzela wena;
UThixo ube emhle kum,
Kukho indawo kwiThende ukwenzela wena.

⁴³⁵ Wonke ubani ngoku:

Indawo, indawo, ewe, kukho indawo,
Kukho indawo kwiThende ukwenzela wena;
Owu, indawo, indawo, ewe, kukho indawo,
Kukho indawo kwiThende ukwenzela wena.

⁴³⁶ Owu, ndiyayithanda la ngoma indala. Aniyithandi?

Kukho indawo kwiThende ukwenzela wena;
Owu, indawo, indawo, kukho indawo eninzi,
Kukho indawo kwiThende.

⁴³⁷ Ngoku, ngelixa umdala esayokungena, ukulungiselela ubhaptizo, ndingathanda ukucacisa kwisihlewele. Kwaye ndiyakucela abanye bamadikoni, ukuba bangandiva egumbini, xana belungile, yiza uze—uze kundixelela, ukuze ke sibenokususa imiboko yokuthetha. Sifuna nonke nikubone oku. Imalunga neshumi lemezuzu ubude, kwaye ibandla liyakunqunyanyiswa.

⁴³⁸ Ngoku ndifuna ukunifundela ezinye zezindilisekileyo iZibhalo. Ndifuna ukuzifunda Zona kwiNcwadi yeZenzo. Kwaye ndifuna ukuqalisa kumqolo we-12 wesahluko se-2 seZenzo.

⁴³⁹ Ngoku, ndifuna niqaphela isahluko se-16 sikaNgcwele uLuka, okanye sikaNgcwele uMateyu, ndiyakholwa yiyo, sokuba uYesu wayesuka entabeni. Bona . . . Wathi kubafundi Bakhe, “Bathi abantu ndinguBani na mna Nyana womntu?”

440 “Kwaye abanye bathi, kutheni, Ungu ‘Eliya.’ Kwaye abanye batsho ukuba Ungu—Unguye ‘uMprofeti.’ Kwaye abanye batsho ukuthi Ukoku okanye okunye.”

441 Wathi, “Kodwa nina nithi Ndingubani?”

442 Waze uPetros wathi, “Wena unguKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.” Injalo lonto?

443 Wathi uYesu, “Unoyolo wena, Simon Ka-yona, kuba inyama negazi azikutyhilelanga oku. Akuzange wakufunda kwisikolo sakwalizwi. Akuzange wakufunda Kona emntwini.” Wathi, “Kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilile oku kuwe. Kwaye Ndithi ukuba wena unguPetros. Phezu kweli lwalwa Ndiyakulakhela iBandla Lam. Amasango esihogo awasayi kuleyisa Lona. Kwaye Ndiyakukunika izitixo zobuKumkani beZulu.” Ingaba injalo? “Kwaye oko enisukuba nikukhulula emhlabeni, Ndiyakuyikhulula eZulwini. Oko enisukuba nikubopha emhlabeni, Ndiyakukubopha eZulwini.” Ingaba Wayethetha Yona? EbengenakuYitsho. Ngoku, njengoko ixesha liqengqeleka, ngoku, uPetros wayenazo izitixo zobuKumkani.

444 Ngoku, nina bantu bamaKatolika, ningcinga oku, yokuba nithi, “Ibandla iKatolika lakhelwe phezu koPetros.” Kulungile, siyakufumanisa. “Babenazo izitixo. Ibandla iKatolika lisenazo izitixo.”

445 Masifumanise oko wakwenzayo uPetros malunga nezitixo, sibone, ngoko siyakumanisa. IBhayibhile yathi, kuPetros nakubo abapostile, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi. Nabani enithe nazixolela izono zakhe, kubo zixolelwe. Nabani enithe nazibamba izono zakhe, kubo zibanjiwe.” Ukuze, ndibenokuyitsho okokuba... Umntu othile angangaqondi endikuthethayo. UYesu wathi kubapostile, “Nabani ozono nizixolelayo, Ndiyakuzixolela nam. Kwaye nabani ozono zakhe enithe anazixolela, naza nazibamba ngakubo, Ndiyakuzigcina nam ngakubo.” Oko koko waktshoyo uYesu.

446 Qaphela ibandla leKatolika lityhalela ngakokuya.

447 Kodwa masifumanise indlela abayenza ngayo. Emva koko ukuba siyafumanisa indlela abayenza ngayo, ngoko sifanele siyenze ngendlela ekwanye. Ngoku masifumanise.

448 NguMhla wePentekoste. Ibandla lalimiselwa. Bonke babekwigumbi eliphezulu. Amadoda aphuma phaya, ethetha ngeelwimi ezahlukeneyo. Kutheni? Zonke iilwimi phantsi kweZulu zazimelwe phaya. IsiNgesi sasiphaya, naso. Zonke iilwimi phantsi kweZulu kwafuneka zibephaya, naluphi ulwimi elalithethwa ngala mhla. Iqhubeka apha ize inike iilwimi ezininzi, kunye nendlela amaKrete nabahambeli, nabangeneleli ebuRomeni, kunye—kunye—kunye nama Arabhiya, kwaye bonke bethetha kwaye bezuk-... Ngoku, babengathethi lwimi lungaziwayo. Babethetha ngeelwimi ezaziwayo, ebantwini. Hayi iilwimi ezingaziwayo, kodwa iilwimi anokuthi nabani aluqonde.

Umoni, ikholwa, linakho ukuva awayekuthetha. “Kutheni sisiva ngeelwimi zakwamawethu apho—apho sazalelwa khona?”

449 Ngoku qaphela. Ngoku umbuzo uyeza. Ngoku “Abanye banyemba.” Isahluko se-12, kulungile.

Bathi ke bonke bakhohlwa, baze . . . ekuthandabuzeni, bathi omnye komnye, Azi ifuna ukuba yintoni na le nto?

Abanye babehlekisa kwaye besithi, Aba . . . bazele yiwayini entsha.

450 Babehlekisa ngabo. Ngokuba, babesenza njani? Babegxadazela njengamadoda anxilileyo, njengamadoda anxilileyo. Bethetha, bengazi ababekuthetha, kodwa babeshumayela kwintlanganisela ngeentetha ababengazazi, kodwa intlanganisela yazazi. Yabona? Kulungile.

Abanye . . . bathi, Bazele yiwayini entsha, khangela indlela abenza ngayo.

Abanye bahlekisa, besithi, Aba . . . bazele yi . . .

“Kodwa uPetros . . .” Qaphela, nkwenkwe! Unezitixo.

Kodwa uPetros, emile kunye nabalishumi elinanye, waliphakamisa izwi lakhe, wathi kubo, . . .

Ngoku, khumbulani, oku kukumiselwa kokuqala kweBandla.

. . . Nina madoda akwaYuda, kunye . . . nani abemiyo eYerusalem, makwazeke oku kuni, niwabekele iindlebe amazwi am:

Aba abanxilile, njengokuba nina niba kunjalo, kuba kuselilixa lesithathu lemini.

Izikroxoxo zazingekavulwa ngoko. Yabona?

Kodwa oko koko kwathethwayo ngomprofeti uYoweli;

. . . kuyakuthi kwimihla yokugqibela, utsho uThixo, Ndiyakuwuthulula uMoya wam phezu kwayo yonke inyama: phezu koonyana benu nee . . . ntombi zenu, kwaye ziyakuprofeta, kwaye amadodana enu ayakubona imibono, namadoda enu amakhulu ayakuphupha amaphupha:

Kwaye kubakhonzi bam naku . . . mkhonzazana wam Ndiyakuwuthulula ngalo mihla uMoya wam; . . . bayakuprofeta:

Kwaye Ndiyakubonisa izimanga ezulwini phezulu, nemiqondiso emhlabeni phantsi; . . .

Ngoku, nguPetros eshumayela ngoku, lowo unezitixo.

. . . igazi, . . . umlilo, . . . umphunga womsi:

Ilanga liyakujika libe mnyama, . . . inyanga ibe ligazi, phambi kwenkulu nebalulekileyo imini yeNkosi ize:

Kwaye iyakwenzeka, okokuba bonke abasukuba belinqula igama leNkosi bosindiswa.

Nina madoda akwaSirayeli, waveni la mazwi; uYesu waseNazarete, indoda eqondakalisiweyo nguThixo phakathi kwenu ngezimanga nangemimangaliso nomqondiso, awayenzayo. . . phakathi kwenu, . . . nina ngokwenu. . . nisazi:

Thetha ngokohlwaya? Wayenezitixo, niyayazi. Ma . . .

Yena, ekubeni ekhutshwe ngecebo elimisiweyo kunye nolwazi lwangaphambili likaThixo, . . .

Nantso ke. Angathini ukuba akhutshwe? Ngokuba uThixo wamisa ngexa elingaphambili ukuba ibe ngala ndlela. Yabona? Ulwazi lukaThixo lwexa elingaphambili!

⁴⁵¹ [Umzalwana ubuza uMzalwana uBranham, “Lungile?”—Mhl.] Nje umzuzu. Baxelele, nje bamba umzuzu, de ndigqithe kwesi Sibhalo.

. . . nina namthabatha, ngezandla ezikhohlakeleyo, nambethelela emnqalezweni, namsika:

Athe uThixo wamvusa, eyikhulule inimba yokufa: ngokuba ebengenako. . . ukubanjwa kuko.

Kuba uDavide uthi, esingisele kuye, Ndahlala ndiyibona iNkosi. . . kwisandla sasekunene, kwaye andiyi kushukunyiswa:

Ngenxa yoko intliziyo yam inemihlali, kwaye ulwimi lwam lwenziwa lwagcoba; ngaphezulu. . . inyama yam iyakuphumla inethemba:

Ngokuba akuyi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo, kananjalo akuyi kumnikela OyiNgcwele wakho ekuboneni ukubola.

Wandazisa mna iindlela. . . ezam—ezam iindlela, ezam iindlela zobomi; uyakundazisa ngemihlali nangokubona ubuso bakho.

Madoda bazalwana, mandivunyelwe ndithethe kuni ngokuphandle ngomawomkhulu uDavide, . . . wafa wangwatywa, kwaye ingcwaba lakhe likho phakathi kwethu. . . unanamhlanje.

Ngoko engumprofeti, esazi nokwazi ukuba uThixo wamfungela isifungo. . .

Ndisandula ukuyigqiba ukuyishumayela.

. . . sokokuba ngokwe—ngokweziqhamo zesinqe sakhe, uyaku. . . ngokwenyama yakhe, uyakwusa uKristu ahlale etroneni yakhe;

Nje oko ndigqithileyo ukushumayela. UPetros ushumayela into ekwanye.

Kwaye *uthe ebona oku ngaphambili*, (Umprofeti wakubona ngaphambili.) *wathetha ngako ukuvuka kukaKristu, ukuba umphefumlo wakhe awuzange ushiywe kwelabafileyo, nenyama yakhe ingabonanga kubola.*

Lo Yesu uThixo wamvusa, esingamangqina ako oko thina sonke.

Ephakanyisiwe ngoko, kwaye isandla sasekunene . . . ekubeni engakwisandla sasekunene, ephakanyisiwe ezulwini, elamkele elikaBawo . . . idinga loMoya oyiNgcwele, yena . . . wathulula oku, nikubonayo kwaye nikuvayo.

Kuba uDavide enganyukanga waya ezulwini, (umprofeti): kodwa wathi ngokwakhe, Yathi iNkosi eNkosini yam, Hlala ngasekunene kwam,

Ndide iintshaba zakho Ndizenze isihlalo seenyawo zakho.

Ngoko (phulaphulani koku) mayazi ngokuqinisekileyo yonke indlu kaSirayeli, ukuba uThixo wayenza le Nkosi noKristu, kwayena nina . . . enambethelelayo emnqamlezweni.

Oko kufanele kuyilungise, akufanelanga?

Ngoku xana bakuva oku, bona aboni, bahlabeka ezintliziyweni zabo, bathi kuPetros . . . Madoda . . . nakuPetros naku . . . kubo bonke . . . abapostile, madoda nani bazalwana, sithini na?

⁴⁵² Kulungile. Nantsi. Yintoni anayo? Isitixo, isitixo sasebuKumkanini. Buphi ubuKumkani? Bungaphakathi kuni. Injalo lonto? UMoya oyiNgcwele bubuKumkani bukaThixo. Siyayazi. Sizelelwe ebuKumkanini, nje ngamalungu nabameli. Jonga. Yena unezitixo kwicala lakhe. “Yintoni ozakuyenza ngazo?” Eli lityeli lokuqala isango lalike lavulwa.

⁴⁵³ Ngoku, umbuzo ubuzwa umshumayeli, ityeli lokuqala, lowo unesitixo. Ndiyakholwa wathi, “Yimani ngentloko yenu,” oko bekuya kuba sesikweni.

⁴⁵⁴ “Nantoni eniyibophayo emhlabeni, Ndiyakuyibopha eZulwini.” Kulungile. “Nantoni oyitshoyo, Ndizakutsho into ekwanye. Unezitixo.” Kulungile. Wafaka isitixo elucangweni.

. . . Yintoni oyenzayo? Madoda nani bazalwana, sithini na ke?

Ngoku xana bakuvayo oku, bahlabeka entliziyweni yabo, baza bathi . . . Madoda nani bazalwana, . . .

. . . UPetros wathi kubo, Guqukani, nize nibhaptizwe nonke ngabanye egameni likaYesu Kristu ukuze

nixolelwa isono, naye niyakusamnkela isipho soMoya oyiNgcwele.

Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakwabo bakude, nakubo bonke abakude eyakuthi iNkosi uThixo wethu ibabize.

Oko kwayigqiba naphakade. Akukho mntu wakhe, nakweliphi ixesha, onokuze, aphikise oKuya.

⁴⁵⁵ Ibandla iKatolika leza, endaweni yokuntywilisela, baphehlelela. Endaweni yokusebenzisa iGama likaYesu, bathabatha, “Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.” Zange kwafundiswa eBhayibhileni.

⁴⁵⁶ Wonke umntu, ukusuka ngela xesha ukuqhubeka, wayebhaptizwa ngokuntywiliselwa eGameni likaYesu Kristu. Kwaye abanye baye bantywiliselwa nguYohane umBhaptizi, owabhaptiza uYesu, kwaye uPawulos wabaxelela bona ukuba babengenakwamkela uMoya oyiNgcwele ngolwa hlobo. Kwafuneka babuyele emva baze baphindwe ukubhaptizwa, kwakhona, eGameni likaYesu, phambi kokuba babenokufumana uMoya oyiNgcwele. Bangaphi abakwaziyo oko siSibhalo? Izenzo, isahluko se-19. Nantso ke. Kuba, ubuKumkani beZulu babutywiniwe nakweyiphi indlela engenye, ngesifungo ngoYesu Kristu, okokuba oko kuyakuba ngokusesikweni eZulwini.

...Guqukani, nize nibhaptizelwe nonke ngabanye egameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono zenu, ... niyakwamkela isipho sikaMoya oyiNgcwele.


Kuba, idinga likuni, nakuba ntwana benu, ... kubo abo bakude, nakwabo esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.

Ameni. Masithandazeni.

⁴⁵⁷ Bawo Thixo, ngobu busuku, amakhulu alishumi elinesithoba kunye nento eminyaka igqithile, nangoko ukunyaniseka nokuthembeka kweentliziyi zabantu zisakhalela uThixo, njengabantwana bekhalela ubisi lebele likamama wabo. Siyakuthanda Wena, Nkosi. Asinakuphila ngaphandle Kwakho. Njengoko uDavide wathi, “Umphefumlo wam unxanelwe Wena, njengebhada litsalela emfuleni wamanzi.” Kufanele libe naWo, okanye life.

⁴⁵⁸ Kwaye, Bawo, sirhugule ukunqumla eZibhalweni, emva naphambili. Hayi ukwahluka, kodwa sibona ezi zikolo zakwalizwi, aba bafundi bezenkolo namhlanje, abashumayela ngokwemithetho yabantu, kwaye hayi imithetho kaThixo. Ngenxa yoko, Nkosi, asiwathiyanga loo madoda, kodwa sithiye ezo zinto azifundisayo. Ngenxa yoko, Nkosi, sicela ukuba abe ngabazalwana bethu. Sicela ukuba Ubaxolele iziphoso zabo. Kwaye siyathandaza ukuba ayakuza eSibhalweni, aSifunde,

hayi ngendlela isikolo sakwalizwi esiSifundise ngayo, kodwa ngendlela athe uThixo waSibhala ngaYo.

⁴⁵⁹ Siyathandaza, Thixo, ngoku, ukuba aba bagqatswa abezayo ngobu busuku ukuba babhaptizwe, njengomalusi wethu oligorha ehamba kule pulpiti ukusuka apha, ukuya kushumayela iVangeli, le Vangeli inye, kuze emva koko aye kwiqula lokubhaptiza, ukuya kungcwaba, siphe, Nkosi, okokuba ngamnye waba uyakwamkela uMoya oyiNgcwele, kuba Wena unikeze idinga, “Niyakwamkela uMoya oyiNgcwele.” Wanga uMoya kaThixo ungalinda kumphezulu wamanzi, ukwamkela abagqatswa ngobu busuku, kuba sibanikela ezandleni Zakho, eGameni likaYesu Kristu. Amen. 

AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESIXHENXE 2 XHO57-0922E
(Hebrews, Chapter Seven 2)

IMIQULU YE^NCWADI YAMAHEBHERE

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngorharya ngeCawa, ngoSeptemba wama-22, we-1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2022 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org